


UTHIXO OSISITYEBI NGENCEBA

 Ningahlala phantsi. Bendi...okanye iyobekwa kude, ndingene ndaza ndabona uMzalwane uMoore nabo bonke belapha eqongeni, abahlobo endineminyaka emininzi ndibazi. Kulicham ngokuqinisekileyo ukubabona belapha ngokuhlwanje. Ndiziva ngahlobo luthile ndimncinane ukuma apha ndize ndithethe nezinje izifundiswa zakwalizwi apha emva kwam, kwaye mhlawumbi bayakundilungisa xa ndiphazama. Ndithemba njalo.

² Siyavuya kakhulu ngokuhlwanje ukuba sibenothile umntu apha, uDade uRose. Besisehla...Bendikunye noMzalwane uShores nonncedisi wakhe, namhlanje, kwisidlwana sasemini. Kwaza endleleni ehlayo, uMzalwane uWilliams wathi uDade uRose ebegula kakhulu. Saza sangena ukuze simbone nje umzuzwana, saguqa. Waye ephethwe ngophezulu umkhuhlane, egula kakhulu. Kwangamazwana nje omthandazo, yaza iNkosi yathetha nathi, yaza yathi, “Yena uzakuphiliswa.” Yathi, “Uyakube elapho ngomso kusihlwa,” batsho. Kwaye nanku apha ngokuhlwanje, ehleli kanye apha. Injalo lonto.

³ Dade uRose, khawume ngeenyawo nje okomzuzwana, ukuze baku...Sinombulelo kuyo iNkosi. Ebekade elele ebhedini. Wathi, “U—usathana undibethe ndaphuma kwinto yonke. Ndiye ndeza apha ndaza ndonakalelwa yile,” hlobo luthile lwesifo somqala, njalo njalo. Kodwa iNkosi imkhuphile, ngoko ke thina sonwabile. Sibulela kwethandekayo iNkosi!

⁴ Ngoku besinawo awona amnandi amathuba. Kwaye ngomso ngokuhlwa, ngoku, siwelela e—eRamada. Kwaye musani ukulibala ngoku, ayisayi kubalapha ngomso ebusuku, iyakuba iseRamada. Kwaye inkomfa iqala kubusuku obulandelayo. Nizakundinyamezela obunye ubusuku obengeziweyo, niyazi.

⁵ Ke izolo ebusuku ndi—ndiphume kakhulu emlinganiselweni, ngahlobo luthile ndizenzele esincinane isithembiso esokuba, ngolokuqala enyakeni, esokuba ndizakuyiphungula leMiyalezo yehle ukusuka kwezintathu okanye ezine, ezintlanu iiyure, ukuya mhlawumbi kumalunga namashumi amathathu okanye amane emizuzu. Kwaye njengokuba bendinixelele izolo ebusuku, umfazi wam undincomile ngeCawa, wathi, “Wenze kakuhle kakhulu.” Ke—ke ngoko, kakade, kwaza kwafuneka ndize izolo kusihlwa ndiyimoshe, yabona. Kodwa ndithabathe amashumi amahlanu anesihlanu emizuzu, endaweni yamashumi amathathu, izolo kusihlwa.

⁶ Sisehla, ngokuhlwanje, uBilly uthe, “Uzakube uthetha ngantoni?”

⁷ Mna ndathi, “Kuhle, ndinamanqakwana ambalwa abhaliweyo apha, kunye nezithile iziBhalo. Andazi, amanye awo, yemine okanye emihlanu eyahlukeneyo iMiyalezo.” Ndathi, “Ndizakuva xa ndifika ezantsi phaya, ze ndibone ukuba kuqhubekani.”

⁸ Wathi, “Uthembise ukuthandazela bonke abo abantu abagulayo.”

Mna ndathi, “Ewe, mhlekazi. Mangaphi amakhadi onawo?”

Wathi, “Ngamakhulu mabini.”

Ndathi, “Kuzakubangcono ndiqalise kuwo, ngokuhlwanje.”

⁹ Waza yena wathi, “Ngoku ukhumbule, ufumana nje ishumi elinesihlanu lemizuzu yokuthetha.” Wathi, “Inxenye yayo uyithathe izolo ebusuku.” [UMzalwane uBranham kunye nebandla bayahleka—Umhl.] Kuzawufuneka sikhawulezise, andinjalo na?

¹⁰ Kuhle, sinithembisile, ukuba sizakuthandazela abo bantu bebenamakhadi okuthandazelwa, kwaye si—sibophelekile kwisithembiso, kakade. Asinako ukubazisa bonke ngalemigca, ndibe ndingenako nam nokubabiza bonke ngabanye, ndibakhuphe kwisihlewele. Nangona uMoya oyiNgewele ebeyakundinika, andi—andinako nje tu ukumelana nokuyenza. Iyandongamela nje kakhulu. Kwaye, kodwa sonke siqhelene nezo zinto. Siyazi ukuba uThixo usenguThixo. Asiyiyo lonto ephilisayo. Yilonto yona eyakha nje ukholo, ukusazisa ukuba—ukuba siseBukhoni baKhe.

¹¹ Sizakuthi ke, ngokuhlwanje, sithandazele bonke abo bantu bagulayo, bonke kubo abo banamakhadi okuthandazelwa, ukuze bathandazelwe. Size ngomso ebusuku, ngaphaya eRamada, sizakuzama ukuba sikhuphe amanye size siqalise ukubathandazela phaya, kuba ndisenabo nobangomso ubusuku. Ndaye ndicinga ukuba ndinobunye ubusuku benkomfa, mhlawumbi nesidlo sakusasa futhi. Kuxhomekeka ekubeni izinto ziphuma kanjani.

¹² Kukho bathile, omnye wezithethi ongazange afike; ongekafiki okwangoku, andicingi njalo. UMzalwane uHumburg, okanye ngu... [UMzalwane uthi, “Amburgy.”—Umhl.] Amburgy, u-Amburgy, uKash Amburgy. Ke mna ndi—ndiyayiphosa xa iyonke, elo lelagama lesiJamani. Ndi—ndiqikelela ukuba eso sisiJamani. Ke hleze kufuneke ndimbambele, njengokuba siyibiza njalo, ngxe ngalontetho, ukwenzela yena.

¹³ Ke besinethuba elimnandi eNkosini, noko kunjalo. Kuni nonke, ukuba kukho bathile bandwendweleyo apha ngokuhlwanje, sivuya ngokuqinisekileyo ukuba nani ngaphakathi, futhi siyathemba ukuba iNkosi izakunisikelela. Ndithandazela ukuba kungabikho nabaphi na abantu abagulayo

esakhiweni xa siphuma ngokuhlwanje, ukuba iNkosi yethu yehle isemandleni aYo amakhulu ize iphilise bonke abagulayo nabanobulwelwe.

¹⁴ Apha ngaxa lithile lidluleyo, ndandidla ngokuthatha abantu ndibangenise kudliwano ndlebe olukhethekileyo, ezinye zeemeko ezinzima ebesingenako ukudlula kuzo. Yaza yakhula ngokukhawuleza, de yafikelela ekubeni, iNkosi yaqhubeka iyisikelela, sade sabanamakhulu amathathu okanye amane alindileyo, baza ngoko abantu bakhubeka kuba bebeye balinde. Mhlawumbi, kwelo lingako ixesha, ubuyakufuneka ulinde mhlawumbi unyaka okanye emibini, ukuze ubenako ukungena kuyo, yabona, nje phakathi kwemihlangano, ukubathathela kwiindliwano-ndlebe. Kwaye sasiye sihlale nje silindele eNkosini ide Yona isixelele nje ngqo umbandela.

¹⁵ Akukho mathandabuzo ekuthini kukho abantu abahleli apha ngokuhlwanje ababekhe babakhona kwezo zikhethekileyo iindliwano-ndlebe. Bakhona? Masinibone niphakamisa izandla zenu. Kwezikhethekileyo iindliwano-ndlebe. Ewe, nanko ehleli, ke, nize nazi oko kunjalo. Size silindele nje ukubona ukuba iNkosi iyakuthini na, uyakubayini na lambandela...Ndaza ndafuneka ndikuyeke oko apha ngaxesha lithile lidlulileyo. Ndaxelela uBilly ukuba asisayi kudasabanazo kwakhona ezo zabucala iindliwano-ndlebe.

¹⁶ Yabona, ndi—ndi—ndisandula kudlula amashumi amabini anesihlanu, kutshanje, okwesibini, ndaye ndisondele ekuyeni kwityeli lesithathu. Kwaye ngokuya usiba mdala, kutheni, awusabinako, uye...ngandlela ithile awusakwazi ukuqhubeka ngendlela owawukade usenza ngayo. Amanyathelo akho ayancipha. Uze—uze, kakade, uMzalwane uMoore akakazi kwanto ngalonto. Yena...Ndicinga ukuba sindawo ithile malunga nobudala obulinganayo.

¹⁷ Kodwa maninzi amanzi ehle ngomlambo susela wena nam, noMzalwane uBrown seza apha okokuqala, kunye noMzalwane u-Outlaw noMzalwane uGarcia, noMzalwane uFuller. Andazi noba loomadoda angabakhona na apha ngokuhlwanje na? UMzalwane uGarcia, uMzalwane uFuller, uMzalwane u-Outlaw, ingaba bakhona? Phakamisani izandla zenu ukuba nikhona. Ewe, nankuya uMzalwane uFuller, ndiyakholwa, ukuba andiphazami. UMzalwane u-Outlaw ngapha. UMzalwane uGarcia, ndi—ndiyakholwa noko ukuba uyishiyile iPhoenix. Ndicinga ukuba kunjalo. U—uyishiyile iPhoenix, kwaye ungaphaya e-California. Kuhle, ngokuqinisekileyo yayizimini ezimnandi, ndaye ndisakholelwa kwaloMyalezo mnye ndandinawo ngoko, “uYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade.” Ndiqikelela ukuba oko kwakumalunga...Kuhle, uBecky wayelusana. Kwakumalunga neshumi elinesithoba leminyaka.

18 Waye ngoku uyenkulu, endala, etyebileyo, embi intombi ehleli phaya ndaweni ithile, eneshumi elinethoba leminyaka ubudala. Uphi, Becky? Kwedini, uzakundifumana ngenxa yalonto. Ndikhumbula ndimfunqula ngengalo yam. Ngokuqinisekileyo ndingabanomsebenzi ndisenza oko ngokuhlwanje.

19 Niyakhumbula ngaphaya kwibandla likaMzalwane uGarcia ngobunye ubusuku, waye emncinane kakhulu. Ndaza ndathi, “Sinomhlangano wezizwe ngezizwe ngokuhlwanje.” Ndathi, “Ndithetha namaSpanish.” Ndaza ndathi, “Umfazi wam apha ungumJamani.” Ndathi, “Ndiyindoda yom-Irish.” Ndaza ndathi, “Yona encinane intombi yam iliNdiya,” ke lowo yayinguBecky.

20 Ke xa ndandiphuma ngomnyango wangasemva, kwakukho encinane intombi yaseMexico phandle phaya, yathi, “Mzalwane uBranham!”

Ndathi, “Ewe, sithandwa, ufuna ntoni?”

Yathi, “Awucingi ukuba umntwana wakho ubukhanya, ukuba angaba liNdiya?” Inwele zakhe zimthubi, uyazi.

Ndaza ndathi, “UliNdiya nje ngezenzo.”

21 Kuhle, sinombulelo, wokuba, siphinde sibelapha ngokuhlwanje. Ngoku ngaphambi kokuba siye eLizwini, masiyeni kuYe, kuba Yena uliLizwi. Xa iLizwi lenziwe labonakala, lowo nguYe ekuwe.

22 Njengokuba sifumene izolo ngokuhlwa ku-*IMbewu YoKungangqinelani*, nikonwabele okuya, iNkosi inisikelele? [IBandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Ndi—ndikonwabele ngokuqinisekileyo ukuzisa uMyalezo kuni. Kwaye siyabona ukuba ziyintoni na iimbewu.

23 Ngoku ingaba kukho sicelo sikhethekileyo ngokuhlwanje, okuthile nje okukhethekileyo? Mhlawumbi abanye benu nonke nina nizakube nikulomgca wokuthandazelwa, yithani, “Thixo, yibanenceba. Xa ndisiza kuthandazelwa, yenza ukhlo lwam lunyuke ukuyakumelana nezimo.” Kwaye—kwaye mhlawumbi othile unamthandayo, ogulayo, kunye nokuthile. Awunakukhe uphakamise nje isandla sakho ukuze uThixo abenokujonga ezantsi aze athi...Ngoku ukuba okuya...Anazi ukuba kundenza ndizive njani xana ndijonga phaya. Jonga nje isidingo esilapha! Bazalwane abangabalungiseleli, khanijonge nje okuya. Niyabona? Ngoku, ukuba yenza mna ndizive ngalondlela, imenzani uBawo wethu? Ngokuqinisekileyo.

Ngoku masithandazeni.

24 Yesu othandekayo, sisondele ngoku kwiTrone enkulu yenceba, ngalo eli lonele-konke iGama. “Kuba akukho Gama limbi linikiweyo phakathi kwabantu esisindiswa ngalo, kodwa leliGama leNkosi uYesu lodwa.” Kwaye siza eGameni laKhe. Futhi siyathandaza, Bawo waseZulwini,

ukuba Wena uyakusamkela, ngokuhlwanje, njengabakholwayo abantwana baKho. Kwaye xolela ukungakholwa kwethu, Nkosi. Kuncede ngokuhlwanje, ukuba kwenzeke ukuba sikholwe ngokupheleleyo lonke iLizwi likaThixo ngokuhlwanje, ukwenzela zonke izinto esizisweleyo.

²⁵ Wena uyakwazi okuphantsi kwezizandla ziphakanyisiweyo; kukho ukugula, ezinye zazo zisenokuba ziingxaki zasekhaya, ezinye zazo ziingxaki zezimali, abanye babo badiniwe, mhlawumbi abanye bahlehlile, abanye ngumoni. Nokuba sesiphi na isidingo, Wena awunalo olungaze lumelane nawe utshaba. Ke siyathandaza, Nkosi, ukuba—ukuba ngokuhlwanje, siyakuthi siqonde ukuba iintshaba zethu, zonke ngazinye, zoyisiwe, nkqu nokufa ngokwako. Nokuba thina singaphezulu kwaboyisi kuYe Lowo—Lowo wasithandayo Wazinikela ngenxa yethu, waza wasihlamba kwelaKhe iGazi.

²⁶ Siyathandaza, Nkosi, ukuba konke ukungakholwa, konke ukuthandabuza, konke ukuxakaniseka, konke okungafaniyo noThixo, kuyakubaleka kusuke kuthi ngokuhlwanje, ukuze uMoya oyiNgcwele ubenelungelo lokusebenza ezintliziyweni zethu. Wanga Angathetha kuthi ngendlela eziyimfihlo. Wanga Angathetha kuthi eMandleni aKhe. Wanga Angavusa abo ba—bafileyo ngokomoya, abuyisele impilo kwabo bagulayo nabanobulwelwe, aphakamise amadolo wabatyhafileyo, ezidiniweyo izandla ezijingayo. Kwaye kunga kungabakho ixesha lokuvuya.

²⁷ Kwanga kungavela ngokuhlwanje, Nkosi, ukushiya lendawo kusiyiwa eRamada Inn, ze kuqale enye yezakha zankulu iinkomfa kwezakha zabanjelwa kwesi sixeko. Nkosi, ngelithuba sisendawonye siyathandaza! Wena uthe, “Ukuba abantu ababizwa ngelaM iGama, bayakuthi bazihlanganise ndawonye bathandaze, ke ngoko Ndiyakuva ndiseZulwini.” Thixo, siyathandaza ukuba oku kuyakubanjalo, ngokuhlwanje.

²⁸ Ngoku, Bawo, njengokuba sifunda iLizwi, akukho namnye unako ukuLitolika kodwa nguWe, Wena Uyitoliki yaKho, kwaye siyathandaza ukuba Uyakusitolikela izinto esizifundayo ngokuhlwanje. Kuba sikucela kwelikaYesu iGama. Amen.

²⁹ Ngoku ukuba uninzi lwenu luthanda ukubhala phantsi iziBhalo ezifundwa ngumlungiseleli. Kwaye ndingathanda ukuba, ngokuhlwanje, ukuba ninganako, nityhile kwabase-Efese.

³⁰ Ndaye bendithetha kwiCawa edlulileyo kwabase-Efese, uhlobo iNcwadi kaYoshuwa ebe ingabase-Efese beNdala iTestamente, nohlobo ebe iyiNcwadi yentlangulo ngalo.

³¹ Kwaye intlangulo inamacala amabini ahlukeneyo: “ukuphuma entweni” uze “ungene entweni.” Kuqala, kufuneka uphume. Abanye abantu bafuna ukungena beze nehlabathi kunye nabo; kodwa ufanelwe kukuba uphume

ehlabathini, ukuze ungene kuKristu. Ufanelwe kukuba uphume ekungakholweni, ukuze ungene elukholweni. Akunakubakho nanye into endleleni yakho. Ukuze ngenene ubenolululo ukholo, umelwe ukushiya ngokupheleleyo yonke into echasene neLizwi likaThixo, ngemva, ukuze ungene elukholweni.

³² Kwaye leyo yayiyiNcwadi yabase-Efese yeTestamente eNdala, uYoshuwa. Apho, uMoses wayemele umthetho, engenakusindisa namnye; kodwa lona ubabalo lwalunako, waye apha uYoshuwa uligama elinye njengoYesu, “Yehova-msindisi.”

³³ Kwaye ngoku ke, sifumanisa ukuba sifike kwamanye ama-Efese, kwenye i-Efese ngoku. Phi, kuba, kwawethu engqondo amahlelo njalonjalo, nakuzo zonke iinkqubo zethu zemfundo zifike kweyazo—kweyazo iJordan, ngoko kufanele ke sibene—sibeneEfese kwakhona. Simelwe kukuba ne-eksodus, uku “phumela phandle” uze ke “ungene,” ukwenzela uXwilo.

³⁴ Ngoku sizakufunda ngokuhlwanje ukusuka kwese-2 isahluko kwabase-Efese. Ndikuthethe nje oko ukuze nibe nokufika e—endaweni, okanye nityhile kwisahluko.

Nani, *kwaye nani unidlise ubomi, ebenikade nifile ziziphoso na sisono:*

Nalapho kumaxesha adluleyo benifudula nihamba kuzo ngokwesimo selihlabathi, ngokomphathi wegunya lesibhakabhaka, umoya lo usebenzayo ngoku kubantwana bokungeva:

Esasifudula nathi sonke sincokola phakathi kwabo kumaxesha adlulileyo sisezinkanukweni zenyama, sizalisekisa umnqweno wenyama nowengcinga; saye ngemvelo sikwangabantwana bengqumbo, njengabanye abo.

Kodwa uThixo, osisityebi ngencebha, uthe ngenxa yothando lwakhe olukhulu awasithanda ngalo,

Noxa nje thina sasifile esonweni, yena Wasidlisa ubomi ndawonye naYe, okanye, wasidlisa ubomi ndawonye noKristu, (nisindiswe ngokubabalwa;)

³⁵ Ndifuna ukucaphula phaya ambalwa, okanye inxalenye yalavesi, “kodwa uThixo,” *UTHixo Osisityebi Ngencebha.*

³⁶ Ndifuna ukuba niqwalasele apha okomprofeti, umpostile, gxebe, uPawulos, o—o, indlela akhankanya ngayo oku, uhlobo, “Nina unidlise ubomi Yena, nebenifudula nifile. Nina unidlise ubomi Yena, nebenifudula nifile, nifele esonweni nakwiziphoso; nihamba ngokwezinto zehlabathi, umnqweno wenyama, nizalisekisa umnqweno wengcinga. Wani . . .”

³⁷ Yintoni eyenze olutshintsho, niyabona? Kwaye lubangelwe yintoni, “kususela kwixa ebenifile,” ukuya ekudlisweni ubomi? *Ukudliswa-ubomi* kuthetha ukuthi “wenziwe waphila.” Kuye kwabakho utshintsho, ukusuka ekufeni ukuya eBomini.

Akukho yimbi, akukho nto yimbi enokwenzekela nawuphina umntu, enkulu kangako, njengokumtshintsha asuke ekufeni aye eBomini. Indoda, ukuba ibisifa, emzimbeni, ibe nako ukuphiliswa emzimbeni, leyo ibiyakuba yinto enkulu, kodwa akukho nto inkulu kangako njengokuba xa ibifile emoyeni aze uThixo ayivusele eBomini.

³⁸ “Benifudula, kumaxa adlulileyo, nifile.” Benifile. Nkqu nabaninzi apha ngokuhlwanje, ngaxa lithile, bangajonga emva baze bazi ukuba benifile. Kodwa ngoku kutheni ningafanga ngokuhlwanje, njengokuba beninjalo ngokuya? Nifanelwe kukuba yilondlela, kuba beningumoni, “kodwa uThixo Osisityebi ngenceba.” Yiyo leyo—yiyo lonto, “uThixo Owayesisityebi.” Zonke ezi zinto sasizizo, “kodwa uThixo”! Owenza utshintsho kanye phaya, “uThixo Osisityebi ngenceba”!

³⁹ Owu, ndiyivuyela kakhulu lonto, eyokuba Yena ekubeni esisityebi ngenceba. Ukuba Yena wayetyebe nje ngemali, ukuba Yena wayetyebe nje ngezinto, nto leyo Ayiyo, kodwa eyona nto inkulu kukuba sisityebi ngenceba. Owu, lelinjani ukuba likhulu elo igama, uhlobo ebesifudula sifile.

⁴⁰ Yaye besikhe sathetha ngobunye ubusuku ngendlela ukhozo omaluthi ngayo lufe. Nayo yonke into erhangqe lambewu yobomi emelwe kukuba ingafi nje kuphela, kodwa ibole. Ukuba ayithi ibole, ayinako ukuphila. Kwaye *ukubola*, “kukupheliwa ngokugqibeleleyo; kungabikho tu.” Saye side sifikelele kwindawo apho ezethu iimbono nokwethu ukucinga kumke ngokupheleleyo kuze kubole kuphele kuthi, ize imbewu yobomi iqalise ukuphila.

⁴¹ Ngoku—ngoku singasuke, ndingasuke ndifake nje intwana yemfundiso apha, nendinga... Ukuba awuyikholelwa yona, kulungile. Oko kulungile nje. Ndiyayikholwa. Ndiyakholwa ukuba—ukuba umntu, xa ezalwa kwelihlabathi, ukuba xa ulusana oluncinane, uzalelwa ehlabathini, ubungenakuze ubelapha ngaphandle kokuba ube ubukulwazi lwenxa-engaphambili lukaThixo, ngokuba Yena akanasiphelo kwaye Wazi zonke izinto. Kwaye xa olwasana luncinane luzalelwa ehlabathini, kukho nto ithile kwelosana. Ukuba uyakuze abenabo uBomi, kukho nto incinane ithile phaya, phakathi kulamntwana ngoko, athi eze kuyo, kamsinya okanye kamva. Lambewu incinane iphakathi kuye. Ngoku ukuba niyakuthi nithathe... IziBhalo ziyidandalazisa ngokucacileyo lonto.

⁴² Ngoku ukuba unoBomi obunguNaphakade ngokuhlwanje, ukuba sinoBomi obunguNaphakade, ke sasisoloko sinjalo, ngokuba lunye qha uhlobo loBomi obunguNaphakade. Sasisoloko sinjalo. Kwaye isizathu sokuba sibe sasinjalo, ngokuba siyinxalenye kaThixo. Waye uThixo ekuphela kwento enguNaphakade.

43 Kwaye njengokuba uMelkizedeki wathi wamkela izishumi ku-Abraham, kwaza kwabalelwa kwisizukulwana sakhe, uLevi, nowayesesezingeni sika-Abraham; wahlawula izishumi, kuba wayese sesingeni sika-Abraham xa wathi wahlangana noMelkizedeki. Ndifuna ukuthetha ngalonto ngaphaya kwenye indawo, ngenye intsasa. *UNgubani Lo Melkizedeki?* Ngoku qwalasela oko. Emva phaya, uThixo wayazi lenkwenkwe isehla isiza. Yena wazazi zonke izinto.

44 Ngoku siyinxalenye kaThixo. Nasoloko ninjalo. Aniyikhumbuli, kuba nanikuphela nje isibonakaliso kuThixo. Nanisezingcingeni zaKhe nje kuphela. Kwa igama eli lakho, ukuba lakha labakuyo iNcwadi yoBomi, labekwa apho kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi. Wayekwazi oko wena wawukuko.

45 Ndikuthetha nje oku, hayi ukuxubanisa imfundiso, kodwa ukuyolula ithi tye, ukuze sibenako ukuchasela sisuke koluvalo noloyiko. Awuzazi ukuba ungubani. Anisayi kuba ngabo, kodwa ngoku ningoonyana bakaThixo. Yabona, nanisoloko ningabo oonyana bakaThixo. Yabona?

46 Kuba xa uThixo wayenawe ezingcingeni zaKhe ekuqalekeni, umelwe kukuba, ethile inxenywe yakho, obakho uBomi obukuwe ngoku, bumelwe kukuba babukuThixo ngaphambili phaya. Kahle, xa Yena, phambi kokuba Yena abenokubonakala apha emhlabeni, ngaphambi kokuba kubekho nantoni na, kodwa uThixo, wena wawusesinye sezibonakaliso zaKhe. Wayazi ukuba igama lakho laliyakuba ngubani na. Walazi nebala leenwele owawuya kubanazo. Yena wakwazi konke okumalunga nawe. Okuphela kwento eyenzekayo kuxa wena, ekubeni ungumoni . . .

47 Uninzi lwenu lunako—lunako ukudlelana nam kuyo lengcinga. Xa wawuse yinkwenkwana encinci, okanye intombazanana encinci, ubuye uhamba-hambe ze kubekho ezithile izinto ebeziye nje, apho bezingasayi kubahlupha abanye abantwana, kwakuye kubonakale ngathi kwakukho into ethile kuwe ekhalayo. Kwakukho uThixo ndaweni ithile, kodwa noko wawusengumoni. Usakukhumbula oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Ngokuqinisekileyo. Ngoku yayiyintoni leyo? Yayisesiya sincinane isimo soBomi kuwe ngoko.

48 Kwaza ke emva kwethuba, weva iVangeli. Mhlawumbi waya enkonzweni, wachola *oku nokuya*, waza wemka usuka kwihlelo usiya kwihlelo. Kodwa ngenye imini, ekubeni wena uyinxalenye kaThixo, kwafuneka ukuba ubeyinxalenye yeLizwi. Waza wakuba uve iLizwi, uyazazi apho usuke khona, wayazi yintoni eyayiyiNyaniso. Wawusoloko, imbewu yayikuwe kwantlandlolo. ILizwi labona iLizwi elalikuwe, elalilapho kwangaphambili kokusekwa kwehlabathi, wabona iLizwi waza wena weza kuLo.

⁴⁹ Kufana nebalana lam lokhozi elincinci, indlela ekwathi ngayo kwaqanduselwa ukhozi oluncinane phantsi kwesikhukukazi. Waza umfo omncinane wahamba kunye neenkukhu, yena, isikhukukazi salilisela, waza yena akakuqonda ukulilisela kwaso. Aza—aza amancinci amantshontsho, ukudla kwawo kwakusehokweni, yena—yena zange akuqonde oko, indlela abanokuze benze ngalo lonto. Kodwa kwaye kukho okuthile kuye, okwakhangeleka kwahlukile koko lankukhu yayikuko, ngoba ekuqalekeni yena waye elukhozi. Injalo lonto. Ngenye imini weza unina emzingela, kwaza, xa wathi weva okuya kukhwaza kokhozi, kwakwahlukile ekuliliseni kwesikhukukazi.

⁵⁰ Kwaye kuyilondlela ngalo lonke elizelwe ngokutsha ikholwa. Ungeva yonke imfundo-yezengekolo oyifunayo, nako konke okwenziwe ngabantu ukungangqinelani; kodwa xa eliya Lizwi lidanyaza phaya, ngoko kukho okuthile okubambelelayo, wena uza kuLo. “Nina benifudula nifile esonweni (obuya ubomi) uthe Yena wanidlisa ubomi.” Kumelwe kube kanti kukho uBomi phaya bokuvuselwa kubo, kuqala. UThixo, ngolwaKhe lwangaphambili ulwazi, wazazi zonke izinto. Saye thina samiselwa ukuba sibengoonyana neentombi zikaThixo. “Nina ebenifudula nifile esonweni neziphoso, ebesikuzo sonke kumaxesha ethu adlulileyo, kodwa Yena usivusile.”

⁵¹ Jonga uPawulos, xa uPawulos wayengomkhulu umfundi wezenkolo. Kodwa xa wathi wahlangana ubuso ngobuso neliyaLizwi, uYesu, ladlisa ubomi. Waye wabuyela eBomini ngokukhawuleza, ngenxa yokuba wayemiselwe ukuba abenjalo. I...Yena waye eyinxalenye yeLizwi; laza xa iLizwi libona iLizwi, laye liyimvelo yakhe. Konke ukulilisela kwezikhukukazi, ezikweziya zemveli iinkonzo, akuzange kubenamphumela kuye; yena wayebone iLizwi. Laye liyinxalenye yakhe. Waye elukhozi. Waye engeyiyo inkukhu; wayephakathi nje ehokweni kunye nazo. Kodwa yena waye elukhozi, indawo yokuqala.

⁵² Ndeva elikwafana ibalana, ndiyathemba alivakali njengokunyemba inkolo, malunga nedada elincinane elathi lazalelwa phantsi kwesikhukukazi, ngaxa lithile. Waye engenako ukuqonda. Umfo obhoxekileyo ngenkangeleko, umnqakathi womfo, kwaye wayengaqondi nto ngothuli nazo zonke. Babedlala ehokweni. Kodwa ngenye imini esidala isikhukukazi sakhokelela lomantshontso ngaphandle emva kwehoko, waza yena weva ivumba lamanzi. Yeka ke, wagibiseleka ukuya kuloonani ngawona mendu wayenokuhamba ngawo. Kwakutheni? Wayengazanga angene chibini ngaphambili. Waye engazange abesemanzini ngaphambili. Kodwa waye elidada, indawo yokuqala. Ukuphela kwento awayemelwe kukuyenza kukuba abuyele kuye.

⁵³ Likwayilonto inye nekhohla. Kukho okuthile kulo, okuthi, xa ehlangana noThixo ubuso ngobuso, uye abuyele kuye.

Loombewu ikuye, kwaye idliswa ubomi. Bethu, oko kunjalo, kwaye uthi abhabhele kude ukusuka kwizinto zehlabathi. Ziye zibe zezifileyo kuye. Bethu, ndiyakhumbula, sonke besinabo ubomi bethu, kwixa elidluleyo, kwezo zinto zehlabathi. Kodwa uba sikhe sahlanguana naleya yenene iNto, into ethile eyasidlisa ubomi, imbewu encinane ebuyela eBomini, ngoko zonke izinto zehlabathi zaboleda kanye phaya. Asizange sibenamqweni wazo kwakhona.

⁵⁴ “Lowo uzelwe nguThixo, akenzi sono. Umnquli akuba ehlanjululwe akasenasazela sasono, akasenawo umnqweno wesono.” Umbuzo wesono udlule. Uba yinxalenye kaThixo, kuKristu. UKristu wafela ukuze ahlangule wena.

⁵⁵ Ngoku cinga nje ngako konke engesaba kuko ukuba bekungekho ngenxa kaThixo. Kodwa uThixo, kweyaKhe etyebileyo inceba, indlela Yena athe wasihlangula ngayo ngokuhlwanje! Ngesiphi ngokuhlwanje ukuba bekungekho ngenxa yekaThixo etyebileyo inceba phezu kwethu?

⁵⁶ Ngaxa lithile ihlabathi lalizele isono, kangangokuba umntu wabangela ukonakala kuze phezu komhlaba bada benza ukuba uThixo azisole ngokuba Wathi wenza umntu. Intloko yonke yabasesibolileyo isilonda, umzimba wonke, waza uThixo wazisola ngokuba ethe Wenza umntu. Ke Yena wathi, “Ndiyakumtshabalalisa umntu eNdimalileyo.” Uyakubatsabalalisa ngenxa yokuba akasena kwanto kuphela nje yimfumba yokonakala.

⁵⁷ Kwaye lonke uhlanga loluntu ngelwalutshayelwe lonke kwangeloxesha, kodwa uThixo, osisityebi ngencebisa, wayengenakuyeka omsulwa atshabalale kunye nonetyala. Waza Yena wemka ukuya kwenza indlela ebonelelweyo kwabo bafuna ukungena, abo bathi bafuna ukwenza okulungileyo. Yena, waye wenzela indlela yenceba abo babenqwenela inceba, waza Walungisa umkhombe. Ngamanye amazwi, Waye wafaka iimpiko kumakhozi aKhe, ukuze abenako ukubhabhela ngaphezulu komgwebo, aze angatshoni kunye neenkukhu. Kodwa Yena—Yena wenza indlela yokuhlwanjisa, ngemihla kaNtshona. Oku kwamenza ukuba Enze oko, ukumenza ayibonelele, kuba Yena wayesisityebi ngencebisa.

⁵⁸ Kodwa emva kokuba Ethe wabonelela ngendlela ebantwini baza bona bayala, ngoku, isizathu sokuba bayale kungokuba akukhonto phakathi phaya yokuyamkela. Akukho nto yakuyamkela. Umama wam wayedla ngokuthi, “Awungekhe ufumane gazi liphuma kwitheniphu, kuba akukho gazi kwitheniphu.” Ke ukuba akukho simo saBomi phakathi phaya sakuYamkela, ngoko ayingeke Yona yamkelwe.

⁵⁹ Seso isizathu sokuba abafarisi bakwazi ukujonga uYesu ebusweni, baze baMbize ngo, “Bhelezabhubhe,” ngokuba kwakungekho nto kubo yakumamkela ngayo Yena. “Kodwa

bonke abo uBawo aNdinike bona,” Yena watsho, “bayakuza kuM.” Kukho—kukho ndlela ithile ezakuziswa ngayo.

⁶⁰ Usenokuthetha nabantu maxa wambi ezitratweni, uthethe nabo malunga neNkosi, baye bahleke kanye ebusweni bakho. Kulungile, simelwe kukuba siyenze lonto, nakanjani na. Kodwa mamela, “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale kuqala.” UThixo nguye ofanele enze ukutsala. Kumelwe kukuba kubekho uBomi. “Kwaye bonke abo Yena aNdinike bona, baya kuza kuM.”

⁶¹ Yena wenza isibonelelo kwabo bafuna ukuhlangukwa. Yena wenza isibonelelo kwabo bafuna ukuphiliswa. Kwaye ngenxa yokuba Yena enze oku, kumenza Abesisityebi ngenceba, njengokuba Yena wayesoloko esisityebi ngenceba. Kufanele ibe njalo, ukuba uthe wakwala Oku, akusekho nto iseleyo kuphela nguMgwebu, ngoba isono simelwe kukugwetywa.

⁶² UFaro, xa wathi wangena e—elwandle, njengomlinganisi, akubona ukuba naye angangena njengokuba enzile uMoses. UMoses nomkhosi wakhe, kunye noFaro enomkhosi wakhe, bobabini babemelwe kukutshabalalela elwandle, ngokwenkangeleko. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, wathi wenza indlela yokuqhwesha kubantwana bamaHebhere, (kwakutheni?) ngoba babelandela emgceci wokusebenza, babelandela eLizwini.

⁶³ Ngoku leyo kuphela kwendlela yokuzuba inceba, kukulandela imiyalelo athe uThixo wasinika ukuze siyilande. Leyo kuphela kwendlela Yena angabonisa ngayo inceba, kuxa thina silandela oko Yena athe masikwenze.

⁶⁴ Njengengxoxwana yangaxa lingekudala lidlulileyo, kunye nomlungiseleli owathi mna ndifundisa eyabapostile iMfundiso kulomhla. Ndiyakholwa ukuba ndithethile ngayo kubusuku okanye obubini obudlulileyo, okanye ngaxa lithile, malunga nohlobo awathi ngalo, “Wena uzama ukutofa, kwesi sigaba, eyabapostile iMfundiso.” Wathi, “Isigaba sabapostile saphela, kunye nabapostile.”

Ndaza ndambuza, “Kuhle, ingaba uyalikholwa iLizwi?”

Yena wathi, “Ewe.”

⁶⁵ Ndathi, “IsiTyhilelo 22:18 sithi, ukuba, ‘Nabani na oyakuthi athathe nelinye iLizwi elikhupha kuLe, okanye ongeze nalinye ilizwi kuYo,’ hayi nje amabini amazwi; elinye iLizwi, athathe elinye iLizwi alikhuphe.”

Wathi, “Ndiyayikholwa lonto.”

⁶⁶ Mna ndathi, “Ngoko ndingakuxelela apho isigaba sabapostile sanikezelwa khona, ezabapostile iiNtsikelelo zanikezelwa eBandleni; ngoku ndixelele apho uThixo wathi wayithatha eyikhupha eBandleni, ngeLizwi. Awunako ukuyenza; ayikho apho.” Ndathi, “Ngoku khumbula, ukuba

uPetros, ngoMhla wePentekoste, waba ngu—ngumazisi wesigaba sabapostile. Waza wabaxelela bonke ukuba, ‘Guqukani, nize nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba isithembiso sikuni, nakubantwana benu, kunye nakwabo bakude, nkqu nesosininzi iNkosi uThixo wethu ayakusibiza.’”

⁶⁷ Ngoku ukuba wena ufuna ukumamela ukuliliselwa kweshelelo elithile isikhukukazi, uze uphile emva phaya kwizinto zehlabathi, ngoko kuyabonakala ukuba ukhona undonakele. Ngoba, Elo liLizwi. “Lowo sukuba ethanda, makeze.” Kwaye ukuba unawo umnqweno, umelwe kukuba uze. Kodwa ukuba awunawo umnqweno, ke wena ukwimeko yodandatheko. Kodwa ukuba unawo umnqweno wokuza, yiza ulandele ekaThixo inkqubo!

⁶⁸ Waye Yena akakhe asilele ukuzalisekisa oko Wakuthembisayo. Ndakha ndamtsha, ndaye ngoku ndimdala, andizanga ndambona Yena esilela kwelaKhe iLizwi. Ngoba, Yena angenza nantoni na kodwa hayi ukusilela. Akangekhe asilele. UThixo akanakho. Akukwazeki ukuba uThixo asilele, aze abe usenguThixo. Umelwe, ukuze enze oko.

⁶⁹ Ngoku umkhosi kaFaro wazama ukulinganisa, kuba bona babengabizwanga futhi bengenabo obuya uBomi. Ukuya e...Isithembiso sasinganikwanga uFaro. Isithembiso sasinganikwanga yena eselizwe lesithembiso.

⁷⁰ Kwaye umlinganisi, ozama ukulandela elenene ikholwa elibizelwe kokunjalo, uyenza nje ukuba ibeyintlekisa. Ngulowo ke undonakele ngenkqubo yethu yenkolo namhlanje, ngabantu abaninzi abazama ukulinganisa uMoya oyiNgcwele, abantu abaninzi abazama ukulinganisa ubhaptizo, abantu abaninzi abazama ukulinganisa isigaba sabapostile. Yeyamakholwa, kwaye wona odwa. UThixo wenze indlela, usisityebi ngenceba, ukuze abaKhe abantwana bangatshabalali. Yena ubenzela indlela.

⁷¹ Ngoku, uFaro ezama ukuleqisa, warhaxwa kwakuloomanzi manye athi asindisa uMoses neqela lakhe. Ngoku, uMoses zange arhaxwe, ngokuba uThixo usisityebi ngenceba kubo abo balandela indlela yaKhe enikezelweyo. Amen.

⁷² Niyakubona oko ndikutshoyo? Ukuba, ngokuhlwanje, abantu abangakholwayo kwimpiliso eNgcwele, abantu abangakholwayo kubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, bangaze bakwamkele njani nakuphi na okunye? UThixo usisityebi ngenceba kwabo bayakuthi baMlandele; bengalandeli mvumonkolo, kodwa emva koThixo.

⁷³ UThixo liLizwi, kwaye Lona lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu, ngoku, ukuze Yena avelise ezinye izibonakaliso zikaThixo. Umzimba, uYesu, wayengumzimba kaThixo, isibonakaliso. UMoses waMbona edlula, umva waKhe;

akukho mntu wakha wabubona ubuso baKhe. Kodwa ngoku siyambona Yena, sikhangele kuYe, simbona Yena njengeDini. Ngoku, yabona, Yena waye esisibonakaliso sikaThixo, sona siveziwe, iLizwi. Yilonto Yena awayeyiyo.

⁷⁴ Kwaye xa naliphina ikholwa lisiza kuThixo, uye abesisibonakaliso sikaThixo seLizwi laKhe, usetyenziselwa ukubonakalisa iLizwi elithenjiselwe loomhla. Yabona? Injalo lonto. UThixo, osisityebi ngenceba, akazange asishiye singenabungqina. Yena utyebile ngenceba.

⁷⁵ Thina sifumanisa ngoku ukuba uThixo wabanenceba kakhulu kuMoses phaya koluya lwandle olufileyo, phaya kuLwandle oluBomvu, gxebe. Ngoko xa Yena wathi apha, kwiEksodus 19:4, Wathi, “Ndanithwalela kude ngamaphiko okhozi, ndanizisa kuM. Wabathwala ngamaphiko okhozi, ndanizisa kuM!” Kwakukho namanye amadoda esizikithini solwalwandle phaya, nawo, ezama ukulinganisa. Kodwa intoni? “Wabathwala ngamaphiko okhozi.”

⁷⁶ Ngoku uThixo usoloko efanisa abaprofeti baKhe namakhozi. Kwaye yayiyintoni? UMoses waye engumthunywa waKhe. Baye belandela uMoses, kwaye lawo yayingamaphiko okhozi ababethwelwe ngawo, ngoba waye ephethe umyalezo kaThixo. Baye abantu belandela lonto. Babelandela uThixo njengokuba babelandela uMoses kunye nomyalezo waKhe wokukhululwa. Kwaye iBhayibhile yatsho ukuthi, “Yena, abazange batshabalale kunye nabo bangazange bakholwe.” Ngoba, uThixo wayesisityebi ngenceba kubo, ngoba babelandela imithetho yaKhe. UThixo ufuna silandele imithetho yaKhe.

⁷⁷ Singathetha kwalonto inye ngoKora nangoDathani kunye neqela labo labantu abangakholwayo, njengokuba bathi bazama ukulinganisa. Bazama ukuqhusheka nto ithile kwekaThixo inkqubo. Zange bayithande eyomntu-omnye inkqubo. Zange bayithande leyo. Kwafuneka nabo benayo into yokwenza. UKora wathi, “Kutheni, maninzi amadoda angcwele kunawe, Moses. Uzenza ngathi nguwe wedwa unxweme olu . . . okanye okuphela kwechebetyu enxwemeni, gxebe.” Waza wathi, “Ndi—ndi . . . awufanelanga kwenza njalo. Yaye maninzi amadoda apha.”

⁷⁸ Wabe uMoses esazi ukuba wayezakuweza abo bantwana abase kwelesithembiso ilizwe, ngoba isithembiso sasinikwe yena. Kwaye umelwe kukubathwalela kwelesithembiso ilizwe.

⁷⁹ Kwaye, namhlanje, uMoya oyiNgcwele ulapha ukuzakungqinela elikaThixo iLizwi, kwaye elo liphiko lokhozi esimelwe kukukhwela kulo; hayi eyenziwe ngumntu imfundo yezenkolo. Kodwa simelwe kukukhwela phezu kwamaphiko okhozi, ukusinga eZweni lesithembiso.

⁸⁰ Kwaye apha babezakufumana igquba leenkukhu ngaphandle phaya, uKora wacinga, uyazi, ukuze ndijikele, ndilinganise olu, ukhozi. Baye xa bathi benza, uThixo wathi,

“Zahluleni kubo,” waza Yena waliginya ihlabathi. Ngewaginya yonke into, yonke indalo, kodwa uThixo wayesisityebi ngenceba kwabo bazama ukulandela eLaKhe iLizwi. Rhoqo, uThixo usisityebi ngenceba. Uninzi lwabo lwaza ngapha ecaleni noMoses, waza uThixo wavula umhlaba waginya ongakholwayo. Yena, o—ongakholwayo, uyakusoloko etshabalala.

⁸¹ Abo bangazange bakholwe, nangona bathi baphuma baza bahamba ithutyana, kodwa, bona, uYesu wathi, “Bona, bonke ngabanye, bafile.” *Ukufa* kuxela “ukubhangiswa.” Bona bafile. Khawucinge nje ngabo. Bathi baphuma, bayibona imimangaliso kaThixo, basibona isandla esikhulu sikaThixo, bayonwabela imana; baza baphumela phaya baza bamamela indoda egama linguBhileham, eyathi yagqwetha indlela kaThixo, ngemfundiso yayo ephikisana neLizwi, “Sonke singabazalwane, ke masithi nje khe sihlange ndawonye.”

⁸² Leyo yenye inkqubo yobuBhileham evelayo, namhlanje, “Masihlanganeni sonke.” Ayisayi kusebenza. Masihambeni noKhozi, uYehova uKhozi. Ningamantshontsho okhozi.

⁸³ Bathathu kuphela abasindiswayo kwelo qela lilonke; nguMoses, uKhalebhu, noYoshuwa. Bonke abanye batshabalalela entlango; uYesu watsho njalo, koNgcwele uYohane ese-6 isahluko. UThixo, ngenceba, waye engenakubayeka batshabalale, ngoba, kunye nabo bangakholwayo. Bonke baye bafela kanye apho entlango, kwaye bona bafile. UThixo wasindisa uMoses kunye namakholwa angamakhozi, ngoba bona bathi balihlonipha iLizwi laKhe.

⁸⁴ Kwaye namhlanje, sihlobo, ekuphela kwendlela esinokuze sibenokwamkeleka kuThixo; uThixo usisityebi ngenceba, namhlanje, kodwa simelwe kukuba sihloniphe oko Yena akuthethileyo ngayo. Awungekhe nje uze uthabathe okuthethwe ngomnye umntu. Umelwe kukuthabatha oko uThixo akuthethileyo. Wathi, “Lonke elomntu ilizwi malibe bubuxoki, lize eLaM libeyiniso.”

⁸⁵ Namhlanje sixelelwa ukuba, “Ukuphela kwento omawuyenze,” kwiindawo ezininzi, “kukuzibandakanya nebandla, ube nemvumo-nkolo, okanye okuthile okunjalo; okanye ucengceleze umthandazo, okanye ubeke igama lakho encwadini, okanye ufefwe okanye ubhaptizwe ngandlela ithile, okanye okuthile okunjalo. Yilonto yodwa omelwe kuyenza.” Kodwa oko akuchanekanga.

⁸⁶ Ukuze ubelukhozi lukaThixo, umelwe kukuba ulandele iLizwi, imihla ngemihla. Umelwe kukuba uqhubeke, udle iLizwi.

⁸⁷ Ngoku siyabafumana, emva kweli ityeli, bembomba kwakhona, bebuthathaka elukholweni, emva kokuba uThixo ebabonise inceba. Saye sibafumana bembombela uThixo, kwaye, xa bathi benza njalo, babesifa kukulunywa ziinyoka.

Kahle, babefanele. Ngokuqinisekileyo babekufanele. Nabani na onokuze aphazame elikaThixo iLizwi aze enze ezi zinto baazenyayo bona, babekufanele ukufa. Yonke ngaminye yalominqweno, yafanelwa kukufela entlango.

⁸⁸ Kodwa xa bathi bagula kangangokuba nkqu nogqirha uMoses kunye namnye kubo wayenokwenza kwanto malunga nako, kwaye babesifa ngamawaka; kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, Yena wavula indlela yokuqhvesha kwabo babenokuMkholelwa. Wayenzela unyango, ngokuthi amise eyobhedu inyoka. UThixo kweyaKhe etyebileyo... uThixo wayenza indlela yokuqhvesha ukuze abantwana baKhe abakholwayo baphiliswe.

⁸⁹ UThixo unomdla kuyo yonke into engahambi kakuhle, yonke into olindele kuyo. Nxa zonke zobomi, uThixo unomdla kuwe. Wena ungumntwana waKhe, kwaye Yena usisityebi ngenceba. Yena ufuna ukukwenzela.

⁹⁰ Abantu baye bona kamva, ngokuthi bathathe kwaletu inye awathi uThixo wabenzela ngayo isicamagushelo, ngenyoka yobhedu, ntoleyo yayimele isono esesigwetyiwe, baza bona basenza isithixo eso siphu. Nako oko kwasisono futhi. "UThixo akasayi kwabelana namntu ngozuko lwaKhe." Ngenxa yoko, asinako ukuba nababini, abathathu, abane oothixo. Mnye qha uThixo. Yena akasayi kwabelana ngozukulwaKhe kunye nanye into engenye. Yena unguThixo, yedwa, yabona; ke njengokuba abahedeni benoothixo abaninzi. Thina sinokuphela koThixo, kwaye Yena akasayi kwabelana ngozuko lwaKhe naye namnye, engasayi kuze Avumele nanye into ukuba ibesisithixo phambi kwaKhe. Nangona Yena wayenze isicamagushelo ngenxa yabantu, kwaye sasiliLizwi likaThixo, sasichanekile; kodwa xa baqalisa ukusenza sibe sisithixo, ngoko bathi bangena enkathazweni.

⁹¹ Ngoku ikwayinto nje efanayo, ndiyacinga, eyenzekileyo kwizigaba zethu zebandla. UThixo wasithumela umyalezo kaMartin Luther kunye nomyalezo wakhe, uJohn Wesley, owepentekoste umyalezo, kodwa senze ntoni ngawo? Into ekwafana naleyo bathi bayenza ngalanyoka yobhedu, siyenze yabasisithixo, "Mna ndingowale, ndibe mna ndingowaleya." Niyabona, ningabento ethile ningenako ukunyaniseka okudibaniselene noloqobo lobuthixo unqulo lweLizwi.

⁹² Kwenzeke ntoni? IBhayibhile, sixelelwe eBhayibhileni, ukuba, "Umprofeti wathabatha eso sithixo wasitshabalalisa." Haleluya!

⁹³ Esikudingayo namhlanje ngumprofeti oyakuthi atshabalalise isithixo samahlelo, athi acinge ukuba aya eZulwini ngokuba ethe azibandakanya namvumo-nkolo ithile okanye ihlelo; idinga ukutshatyalaliswa ize itshiswe, ilahlwe pha kude. UThixo uzele yinceba. Usisityebi ngenceba. Kumhla

apho sonke ngesikumbhodamo wobumnyama phandle phaya, kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, usithumelele owenene woqobo uMoya oyiNgcwele, notoliko Lwakhe Buqu kuYo, kanye apha esakhiweni mihla yonke ngokuhlwa. UThixo, osisityebi ngenceba yaKhe, kumangalisa kanjani ukuMfumana enjalo! Ewe, mhlekazi.

⁹⁴ Ngoku konke ababecinga ukuba banakho ukukwenza yayikukuya nje kulenyoka, okanye lento incinane uThixo ayenze phandle phaya, enza uMoses ayenze aze ayixhome esibondeni, baze babenokuphiliswa ngaphandle kwako nakuphina ukunyaniseka. Babesima nje bajonge kuyo. Baza bafikelela ekuyenzeni isithixo, waza uThixo wathumela umprofeti ukuze ayitshabalalise.

⁹⁵ Ngoku, bonke abo bathi bala ukujonga kulanyoka entlango, bathi batshabalala. Ngoku uThixo wenza indlela, kodwa ukuba uyala ukujonga kuyo, ukuba uyakuthi uhlale ngaphesheya kwesitrato, ukuba uyakubambelela kwimvumo-nkolo ethile uze wale ukujonga ngqo eLizwini ukuze ubone ukuba Lichanekile na okanye hayi; bonke abathi bala ukujonga, baye batshabalala. Waye uThixo ungongasoze-atshintshe uThixo. Baye bonke abo bathi bala ukujonga, baye batshabalala. Kusenjalo nanamhlanje, yinto efanayo.

⁹⁶ Baza abantu bona kamva, kanye njengokuba basoloko besenza, baza benza isithixo ngayo—ngayo, bayenza yona ya—ya—ya . . . fumana, bazama ukufumana impiliso ngaphandle kokunyaniseka, kwaye babe “yinxalenye yento ethile,” nangendlela esenza ngayo namhlanje. Kwaye ngoku siyabona ngoko, umahluko wayo, wawu, awathi uThixo . . .

⁹⁷ Yona yayisesilungileyo isicamagushelo futhi lolulungileyo uphawu lwalomaxesha. Ngelo xesha, yayilungile. Kodwa yayimele ukuba ibeyeyeliya ixesha, ibe yeyolwahambo. Yilonto yodwa eyakuyisebenzela, *oluya* uhambo.

⁹⁸ Nawo umyalezo awathi uMartin Luther wawuzisa, owogwetyelo, wawusilungele esikaLuther isigaba. Wahamba kangako.

⁹⁹ Ungcwaliso lwalusilungele esikaWesley isigaba. Wahamba kangako.

¹⁰⁰ Ngoko sifikile kwesobupentekoste isigaba. Nako ukubuyiselwa kweziphu kuyelunge kakhulu into, yayilungile kuso isigaba, kodwa sihambela ngaphaya koko ngoku. Singaphaya koko, ngokuqiniseke kanye njengokuba kukho ihlabathi. Simelwe kukuba sibe ngaphaya kwale into, ngoba senze into enye naleyo bayenzayo ngaphambili, senze isithixo ngayo. “Ndingowale inkqubo yayo, ndingowaleya inkqubo yayo.”

¹⁰¹ UThixo uzakuthumela mntu uthile oyakuthi ayivathele lonto ayikrazule ibeziziqwenga, aze angqinele elaKhe iLizwi,

elizeleyo iLizwi. Qaphela. Uzuko malube kuThixo! Ngoku siyabona ukuba oko kuyinyaniso. UThixo, sisityebi ngeyaKhe inceba!

¹⁰² Ngoko xa umprofeti wayitshabalalisayo le, yabashiya bengenalo naluphina uphawu lwempiliso, olwesicamagushelo, ngoba isithixo sabo sasitshatyalalisiwe. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, wabenzela olunye. Kwaye yintoni Awayenzayo, leyo? Waye wagxobhagxobha amanzi echibini etempileni, lwaza uninzi lweza kwaye lwaphiliswa, ngokuthi cakatha kulamanzi. UYesu wehla weza kwelichibi linye, waza wabona indoda eyayileli apho isithuba senani leminyaka, ilindele ukugxojwagxojwa kwamanzi. Yabona uThixo, osisityebi ngenceba! Nangona bathi bayenza isithixo lanto, nangona kwafuneka ukuba umprofeti ayikrazule, uThixo wabenzela enye indlela, ngoba Yena utyebile ngenceba. Ufuna ukuba mabaphilise, waza Wabenzela indlela yempiliso yabo.

¹⁰³ Ngoku, ngoko ke oko kwaqhubeka, ihlabathi laya lisiba sesonweni ngokubasesonweni, maxa onke. Kwaza ekugqibeleni ihlabathi labasesonweni kangankuba uThixo ngewayelitshabalalisile, Wathi kuMalaki 4, “hleze Ndize ndiwubethe umhlaba ngesiqalekiso.” Ngewayeyenzile lonto; umbuzo nje.

¹⁰⁴ Kodwa ke uThixo, isityebi ngenceba, Wathumela uMsindisi, uYesu Kristu. Wathumela uYesu ukuba abekuko kokubini uMsindisi nomphilisi. Kuba Yena wathi, “Njengoko uMoses wayiphakamisayo inyoka yobhedu entlango, ngokunjalo naye uNyana womntu umelwe kukuphakanyiswa,” kusenzelwa kwalonjongo inye. Yena, isicamagushelo, yilonto esinebango kuyo, akukhonto yimbi kodwa siscamagushelo. Oko uYesu wakuthenga ngelaKhe iGazi, yilonto esinebango kuyo. Yaza iBhayibhile yathi, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, Watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ubetho lokuba sibenoxolo thina lube phezu kwaKhe; siphilise ngemivumbo yaKhe.” Yilonto esinokuyibanga, ngoba yilonto isicamagushelo, esisimeleyo, esayimisela thina. UThixo, osisityebi ngenceba!

¹⁰⁵ Esi yayizakuba sesaNaphakade isicamagushelo, ngoba Yena weza ngokwaKhe. UThixo weza ngokwaKhe, ekwisimo senyama enesono, ukuza kwenza esa—esa—esa—esaNaphakade isicamagushelo; waza weva ubunzima esenyameni, waza wenza isicamagushelo; waza wabuya ekwisimo sikaMoya oyiNgcwele, ukungqinela esasicamagushelo. Apho kwakungenakubakho nyoka yabhedu okanye manzi agxojagxojiweyo ayenokuyenza, iyonke yayikhombe kwesiya sigqibeleleyo isiCamagushelo. UThixo, osisityebi ngeyaKhe inceba, wakwenza oku.

¹⁰⁶ Ngoku, namhlanje, ekubeni lo ingumhla esiphila kuwo, sihambe sadlula kwezi zigaba zebandla saza sacacisa yonke into ukuyisusa kuLeya. Izifundiswa zenkolo zethu zomhla

zaphulukana kudala neliya icala laYo. Zona ziYicacisa ngokuyichaselisa, ukuyisa komnye othile umhla, sigaba sithile sisesinye, into ethile eyenye, emva phaya, kusesela emandulo. Nempiliso eNgcwele yayisele imalunga nokucima, sekunzima nokufumana ubani uyikholelwayo. Babehlekisa ngayo. Kungekho ngaphezulu kweminyaka engamashumi amabini edlulileyo, bona babehlekisa ngayo. AmaPentekoste wona avela achasela kuyo. Baqala kwimihla yangaphambili, kodwa bachasela kuyo.

¹⁰⁷ Khangela benze kanjani. Ngoku bathe phithi bubuhlelo, bebaleka elowo esiya kuzenzela imvumo-nkolo, nokunjalo. Ngaphandleni, endaweni yokwamkela ukuKhanya, njengokuba ukuKhanya kungena; baye bazenza umbutho bazenzela neemvumo-nkolo, elowo ejikela, azenzele imfundiso aze ahlale kulomfundiso. Baza emva koko babanokuninzi okukhutshiweyo ade uMoya oyiNgcwele angabinako ukungena ebandleni. Ziphele nje zisibazezinye izithixo njenge nyoka yobhedu, ijike yaba lu—lunqulo zithixo. Elowo umfo esithi, “Mna ndingowale, ndibe mna ndingowaleya.” Yayilunqulo zithixo. Obunjani ububi ebesikade sikubo, ngexa lokugqibela.

¹⁰⁸ Kodwa uThixo, osisityebi ngeyaKhe inceba, ubuyisele uMoya oyiNgcwele phezu kwethu, kwaye engqinela elaKhe iLizwi ngokuhlwanje njengoko Yena wathembisa ukuba Uyakwenza njalo. UThixo wathembisa ukuba Yena uyakuzenza ezi zinto. Khangela oko Wakwenzayo!

¹⁰⁹ Khangela koko Wakwenzayo, uhlobo ngoku esibona ngalo indlela awathi Yena wathembisa isigaba ngasinye okuthile okuyakwenzeka. Saye siyafumanisa ukuba kwenzeka kanye njengako, oko Yena wathi Wayeyakukwenza, ngokuba Yena usisityebi ngeyaKhe inceba, ukuba asoloko enenceba yokuba azalisekise lonke iLizwi athe Walithembisa. Umelwe kukuba akwenze, kwaye rhoqo, ukuze ahlale enguThixo. Usoloko Yena ekwenza oku, iLizwi laKhe lisoloko lizaliseka ngexesha laLo. Eyakhe imbewu Awayityalayo emhlabeni. Yintoni Yena awayenzayo? Wayibeka apha eLizwini, kwaye leyo yimbewu. Kwaye nangaliphi na ixesha isigaba sifika, loombewu iyavuthwa, luze ke uhlaziyo luvele. Kwaye Yena wathembisa lonto, nayo ke yenza oko.

¹¹⁰ Ngoku besingafanelwanga zezi zinto. Besingafanelwanga zezi ntsikelelo zikaThixo, ngoba siye salandela emva kwezinto zehlabathi, sahamba kwimpazamo kaKayeni. UKayeni, esakha esihle isibingelelo kunye nentle inkonzo, ade abeke neentyatyambo phezu kwaso, abe ecinga ukuba yilonto kanye ebe iyiyo, “Ibiyimfumba yama-apile okanye amapere, okanye iirharnati, okanye nokuba yayizintoni na,” ezathi zadliwa nguyise nonina emyezweni wase-Eden, zaza zabakhuphisa. Waza ke wanikela ngazo ezibuyisela kuThixo, waza uThixo wayichasa.

111 “Kodwa uAbheli ngokholo wanikela kuThixo elona lilungileyo idini kunoKayini.”

112 Kwaye, namhlanje, iBhayibhile ithe kuJuda, ukuba, “Bahambe ngendlela kaKayini; batshabalalela ephikeni likaKora.” Yabona, “bahambe ngendlela kaKayini,” besakha izibingelelo, besakha amabandla, amahlelo, bewenza abeneentyatyambo, emakhulu, amalungu amaninzi ukodlula bonke abanye; besamkela izinto, nantoni na ezayo nethi ixhume inyuke isehla, okanye ukuxhawulwa kwezandla, okanye babebhaptizwe ngendlela ethile, okanye bathethe ngeelwimi, okanye babaleke emgangathweni, babeke amagama abo encwadini. Injalo lonto. Baze emva koko bakutyhila eyenene iNyaniso emayishunyayelwe, baze bayikhanyele Yona. Kungathini ukuba kubenjala? Qaphela onjani umbhodamo esasikuwo! Qaphela.

113 Kwaye iBhayibhile ithe, “Baza bona bemka ngendlela kaBhileham, futhi batshabalalela ephikeni likaKora.” Batshabalalela ephikeni! Yayi yintoni iphike likaKora? “Kutheni, ucinga ukuba nguwe wedwa indoda engcwele? Kutheni, ekaThixo... Sonke singcwele. Lonke ibandla lilungile. Wonke... Sonke masihlanganeni, yilonto esimele ukuba siyayenza.” Kulapho batshabalala khona, leyo. Kwaye besiyifanele ngenene. Besikufanele ukuba yilonto.

114 Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, wasonyula wasikhupha kuloombhodamo waza wasibonisa lonto ngaphambi kokuba lonto ibethe apha. Usisityebi ngeyaKhe inceba, waza wasithumelela imvuselelo yempiliso eNgcwele, kunye nokubuya kwakhona kwaMandla kaThixo. Ngokwezembali, ayikho imvuselelo eyakha yema ngaphezu kweminyaka emithathu. Le imvuselelo iqhubeke ishumi elinesihlanu leminyaka, ibikade iyimililo evuthayo, jikelele ukujikeleza ihlabathi. Kutheni, kungokuba isifanele? UThixo, esisityebi ngeyaKhe inceba, hayi kuba besiyinqwenele okanye kuba ibisifanele, gxebe. Cinga nje ngoko ikwenzileyo!

115 Ndinga ngomnye woodade benu kanye apha ePhoenix, nowaziwayo luninzi lwenu, uNkskz. Hattie Waldrop, wayenomhlaza wentliziyo. Waye esemgceci wokuthandazelwa phezulu apha xa uMzalwane uMoore kunye nam sasilapha okokuqala, malunga neshumi elinantlanu, ishumi elinesibhozo leminyaka edlulileyo. Kwaye wayesifa, enomhlaza wentliziyo, futhi ebemele ukuba sewafa kwakudala. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, wathumela aMandla aKhe phezu kwakhe. Waza Wasindisa ubomi bakhe, kwaye uyaphila unanamhla. UThixo osisityebi ngenceba!

116 Indoda elilungu leBhunga engu-Upshaw, ebalulekileyo indoda. Ndinga ukuba waye engumongameli, okanye okuthile, wase—waseBhaptizi, i-Southern Baptist Convention,

ngaxesha lithile, okanye usekela-mongameli okanye okuthile. Wayekwenze konke. Wayeyindoda elungileyo. Wakwenza konke akwaziyo ukwenza. Waya kubo bonke oogqirha. Akukho mntu wabanako ukumenzela nto. Wayebotshelwe phantsi. Abalungiseleli babemthandazele. Waye enegaloni ye-oli igalelwe entlokweni yakhe, intambiso, yabohlukeneyo abalungiseleli bandawo zonke.

¹¹⁷ Ngobunye ubusuku, eLos Angeles, eCalifornia, ndihamba ukuya epulpitini, jonge inqwaba yezitulo zamavili ziphantse ukuphinda kabini, nakathathu, ezi zihleli apha, konke ukuhla-kunyuka iiphaseji, emva naphambili. Kwabe apho kubekwe umandlalo unentombazanana entsundu kuwo, encinane eMnyama intombazana, naye u—umama wayo ehleli ngakuyo. Wabe umzalwane wam esondeza umgca wokuthandazelwa.

¹¹⁸ Ndabe mna ndijongile, ndingazi ukuba kuqhubeka ntoni. Ndaza ndabona ugqirha, enezoqokobhe lofudo izipeksi, esenza utyando kwintombazanana emnyama, ngenxa yemeko yomqala, yaza yona yagogeka. Ndabe sendilaqaza, ndacinga, “Uphi lamntwana apho akhoyo?” Ndandingamboni.

¹¹⁹ Emva kwethuba, emazantsi qelele, kungekho themba, ethandekayo intombazanana emalunga nesixhenxe okanye isibhozo seminyaka ubudala, yabe izakugogeka ubomi bayo bonke. Wabe elapho umama wayo ezantsi phaya esemadolweni akhe, ethandaza. Ndaza ndathi, “Logqirha wenze utyando kwintombazanana yakho,” ndatsho ndichaza.

Yena wathi, “Injalo lonto, mhlekazi.”

¹²⁰ Ngoko wazama ukuzisa umntwana eqongeni. Bamxelela ukuba angakwenzi oko. Babezama ukumthulisa azole. Malunga nexesha abaye babanokumthulisa, ndacinga, “Kuhle, sizakufumana ithuba lokumthandazela.” Kwimizuzu embalwa . . . Mhlawumbi abantu abalapha babekhona ngobabusuku.

¹²¹ Ndabe ndikhangele phezu kwesihlwele, ndayibona lontombazana ihamba isehla, kokukhangeleka ngathi yi—yindledlana enciphileyo, inonodoli ezingalweni zayo, ethuthuzela loonodoli. Kungakhathaliseki nokuba kukanganani na ugqirha athe wayezakugogeka ubomi bakhe bonke; uThixo, osisityebi ngenceba, wathoba uMoya oyiNgcwele, ngombono, yaza lantombazana incinane yaphakama yaphuma apho, yaza yona nomama wayo babambana ngezandla bahamba besehla ngalaphaseji, bedumisa uThixo.

¹²² Qelele emva phaya kwakuhleli endala indoda, Indoda elilungu leBhunga engu-Upshaw, uninzi lweni luyabazi ubungqina bakhe. Waye eyindoda elungileyo, wazama ubomi bakhe bonke, isithandathu samashumi anesithandathu seminyaka engenako esesitulweni samavili, etyhalelwa ebhedini;

iintonga zokusimelela phantsi kweengalo zakhe, awaye ehamba ngazo, engasayi kudasaphinda ahambe ngendlela yesiqhelo. Waye elapho ehleli khona, ejonge kulonto. Kwaza ngesaquphe, ndakhangela ndaza ndabona umbono. Nanku esiza, ehamba esehla ukunqumla phezu kwesasihlewele, ethobe intloko yakhe, ehamba kakuhle njengaye nabani na. Ndandingazi ukuba yayingubani loondoda.

¹²³ Ndathi, “Kukho indoda ebekekileyo ehleli emva phaya. Yathi yawa eqegwini xa yayiseyinkwenkwana encinci, phezu kwenqwanqwa lerhasi, yaza yenzakalisa umqolo wayo. Bagqobhoza imingxuma kumgangatho, ukugcina ungancangazelo, xa abantu behamba, ukuze lungabethi umqolo wakhe.” Ndathi, “Uye wabayindoda ebekekileyo, kwaye usaqhubeka esiba mkhulu. Uhleli kwisangqa esikhulu kwiWhite House.”

¹²⁴ Yaza lendoda yeza yandixelela, yathi, “Leyo yindoda elilungu leBhunga engu-Upshaw. Wakha wamva?”

Mna ndathi, “Zange ndeva ngaye.”

¹²⁵ Wabe ke ehambisa umbokwana wokongeza emva phaya babe bethetha, emva naphambili.

¹²⁶ Ndaza ndaqalisa ukulaqaza, ndaza ndayibona eseyikhulile yindoda elilungu leBhunga isiza, ihamba ukuza ngakum, embonweni, igqibelele kwaye isesiqhelweni kangangoko inokuba nako. UThixo, osisityebi ngenceba, wamrhola emkhupha kwesositulo samavili, waza wahamba ngaphandle kwemisimelelo de kwabayimini awafa ngayo. UThixo osisityebi ngenceba! Xa oogqirha besilele, xa inzululwazi isilele, xa yonke into engenye isilele, uThixo wabasisityebi ngenceba yindoda elilungu leBhunga engu-Upshaw.

¹²⁷ Ndinga ngesiqu sam. Njengenkwana yakudala, ndikhumbula njengo. . . Abantu bandibiza namhlanje, “umthiyi wabafazi.” Isizathu kwakunjalo, kungoba ndabona okuninzi ukungakwazi kuziphatha ebfazini xa ndandisengumntwana. Ndandibathiyile. Ndaye andisenzi njalo ngoku, ngoba ndiyazi ukuba kukho nabalungileyo. Kodwa ndikhumbula uhlobo ekwakukubi ngayo, beswele ukuziphatha. Ndaza ndacinga, “Bethu, andi—andisayikuze ndibelapho abantu bakhoyo. Andinayo imfundo, ke andisayi kufumana nayiphi na.”

¹²⁸ Kwaye omncinane wakudala umntwana ndihleli phaya, ndingena nehemphe, nedyasi yam iqhotyoshiwe *kanje*, ngesipeliti, ibe ishushu kakhulu. Waza utitshalakazi wathi, “William, awutshi yiledyasi uyinxibileyo?”

¹²⁹ Ndathi, “Hayi, mem, ndibugodolarha.” Waza wenza ukuba ndiye esitovini ndize ndifake iinkuni esitovini, ndaza ndaphantse ngathi ndojiwe. Ndaza nda—ndandingena hemphe lonke eloxesha lonyaka liphela.

¹³⁰ Ndaza ndacinga, “Ukuba ndingaze ndifumane imali, ngaxa lithile endandingafumana encinane, ndizifumanele umpu wohlobo lwa mashumi amathathu-mashumi amathathu,” ndingaphumela eNtshona apha ndihlale phandle apha ndize ndizingele, ubomi bam bonke. Ndandingafuni kwanto yakwenza nabantu. Ndihlale nje kude, ngoba babengandithandi, ndize—ndize ndizihlalele nje kude kubo.

¹³¹ Kwaye lonke ixesha endandithi ndiye emazantsi edolophu, ukuba khe ndithethe naye nabani na, ndibone bafo bathile esitratweni, endibaziyo. Bendiye ndithi, “Molo apho, John, Jim! Kunjani?”

“Owu, molo.”

¹³² Yabona, babengafuni kuthetha nam, bengafuni kwanto yakwenza nam, ngenxa katata wam kunye nabo babesenza igrangqa. Ndibe mna—mna ndingazange ndenze lonto. Yayingeyonto ndiyenzileyo. Kwaye ngendaba lolahlobo.

¹³³ Kodwa ngoku ndithe kumfazi wam, kungekudalanga, “Udonga lwam luqatywe ngeyona mipu yodidi enokuthengwa.” Owu, kwaye ndicinga ngezo zindala zimdaka iimpahla. Ngokuhlwanje ndinezimbini okanye ezintathu iisuti ezilungileyo. Ndibe ndingenabahlobo? Kufuneka ndizimele endle phaya, ukuze ndibekude ebantwini. Yintoni undonakele, ingaba kungenxa yohlobo endilulo, ingaba kungenxa yemfundo yam? Hayi. UThixo, osisityebi ngenceba, wandibona ndikwesosimo waza Yena wandisindisa.

¹³⁴ Ndikhumbula ndikhokelwa ngeengalo, ndiyindoda eyimfama. Ndingaboni. Yonke into phambi kwam yayimfiliba; ndandizakuba yimfama ubomi bam bonke. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, wandibuyisela ukubona kwam. Ndinamashumi amahlanu anantlanu eminyaka ubudala, ndaye ndisabona kakuhle. UThixo, osisityebi ngenceba, kuphela kwento endinokuyithetha.

¹³⁵ Ngelinye ilixa ibandla lalikade lingenandlela ibonelelweyo yempiliso. Babenayo, kodwa bayala. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba, ubathumele isipho sempiliso eNgcwele. Lowo nguMoya oyiNgcwele phakathi kwethu, ungqinela iLizwi nemiqondiso ilandela. UThixo osisityebi ngenceba!

¹³⁶ Ndinamabini okanye amathathu amaphepha apha wemibhalo, kodwa andizukuzama ukufika kuzo, ngoba ndi—ndiyaqonda ukuba selisondele ixesha lokuqalisa umgca wokuthandazelwa. Kodwa uThixo osisityebi ngeyaKhe inceba!

¹³⁷ Uninzi lweni apha ngokuhlwanje, oogqirha banjikile. Kukho abantu abahleli kwizitulo zamavili, mhlawumbi abasayi kuze baphume phaya. Iyakuba ngumlibe belapho. Abanye babo, begokeke ngeendlela ezahlukeneyo, babe (bengasokuze) bengenakukwazi ukuphuma, akukho ndlela yokuba bangaphuma. Kodwa uThixo, osisityebi ngenceba

yaKhe, ubonelele ngesicamagushelo. Musa ukusichasa. Samkele. Kukho amadoda phandle phaya anengxaki yentliziyo, kukho abantu abanemihlaza, ekungekho nto oogqirha bangayenzayo ngayo. Aninathemba, akukho ncedo, kwelihlabathi.

¹³⁸ Kodwa uThixo, osisityebi ngeyaKhe inceba, uthobe uMoya oyiNgcwele, waye ulapha ngoku ukuzakungqinela iLizwi, ukungqina ukuba Yena nguye izolo, namhla, naphakade. Ngokuba kusifanele? Ngenxa yokuba uThixo usisityebi ngeyaKhe inceba! Amen. Ngoku nguye Lowo, nguye uMntu, Yiyo iNkosi uYesu. Akafanga, kodwa Yena uvukile kwabafileyo, waye Udla ubomi naphakade.

¹³⁹ Nguye izolo, namhlanje, naphakade, usesisityebi ngeyaKhe inceba kanye njengokuba Wayenjalo kumfazi owayenethombe legazi. Waza waqalisa ukunqumla isihlwele. Kwakungekho mathemba kuye, oogqirha babenze konke ababenako ukukwenza. Waye enethombo legazi. Wayesifa. Waza wachukumisa ingubo yeNkosi. UThixo, osisityebi ngenceba, waguquka waza wamxelela ngemeko yakhe. Waza yena waphiliswa lwelithombo legazi.

¹⁴⁰ Elincinci, elingcolileyo ihenyukazi laya equleni ngenye imini, ukuya kukha amanzi. Kungekho themba. Waye echwethelwe ngaphandle kwezinye iintombi, ukususwa ebantwini, ubomi bakhe babungalunganga. Waza wacinga, “Kunceda ntoni ukuba ndizame? Ndikhutshiwe, akusekhonto iselelyo ngam.” Kodwa wajonga, kumi ngaphaya ecaleni, okanye kuhleli ngasacaleni lequla, kwabe kukho iNdoda ihleli apho neyathi Yona yamxelela zonke izinto awakha wazenza, uThixo osisityebi ngeyaKhe inceba.

¹⁴¹ Laa Thixo ukwa mnye, ngokuhlwanje, usenjalo ukuba sisityebi ngenceba yaKhe, kwaye esenjengokuba Wayenjalo ngalomihla. UThixo esisityebi. [Indawo engenanto eteyiphini—Umhl.]

¹⁴² Ndinga ukuba sinamakhulu amabini amakhadi okuthandazelwa phandle apha, okanye oko sithe sakukhwaza kumakhulu amabini. Sizakuwabiza ze sivumele abantu ukuba mabafole. Sizakubathandazela.

¹⁴³ Kodwa phambi kokuba siyenze, okokuba kukho nabathile abaqalayo ukuza apha, ukuba basuke kuzo zonke iinkolelo. Lena ayisiyiyo inkolelo. Kukubonakaliswa kwesithembiso sikaThixo. Ixhomekeke ekubeni wena ujonge entwenini. Akukho mandla emntwini nawuphina. Awekho amandla kuye nawuphi umntu. Kodwa thina njengamakholwa sinegunya; hayi amandla, kodwa igunya.

¹⁴⁴ Umntu othile wandibuza, kungekudalanga, wathi, “Mzalwane uBranham, uyakholwa ukuba unawo amandla okuyenza lento?”

¹⁴⁵ Mna ndathi, “Andinawo kwamandla mna, nakanye, kodwa ndinegunya.” Lonke ikholwa linalo. Ukuba uyala ukulamkela, uyakuhlala kulondawo okuyo. Kodwa ukuba uyakulamkela, liyakwenza okungaphaya kobuninzi, ngokuba uThixo usisityebi ngeyaKhe inceba.

¹⁴⁶ Thatha ipolisa elincinci limi apha esitratweni, iimpahla zalo zijinga kwicala lalo, libe libhitye kangako. Ikepusi yenze iindlebe zalo zehla kukutsaleka. Lize lihambe phaya apho iimoto ziza zisehla ngesositrato, ngeemayile ezimashumi mahlanu ngeyure, amakhulu amathathu amandla amahashe kwiinjini zazo. Libe lingenawo nawokumisa ibhayisekile amandla. Injalo lonto. Kodwa myeke avuthele nje lampempe aze aphakamise esandla, uze ubukele iziqhoboshi zitswina. Akanawo amandla, kodwa unegunya. Sonke isixeko sisemvakwakhe.

¹⁴⁷ Naxa indoda okanye umfazi, andikhathali nokuba ukweyiphi imeko, unalo igunya likaThixo, ngesithembiso, ngoba Yena etyebile futhi ethembise ukwenza okungaphaya kobuninzi. “Ukuba uthi kulentaba, ‘shenxa,’ ube ungathandabuzi entliziyweni yakho, kodwa ukholwe ukuba oko ukuthethileyo kuzakwenzeka, ungakuzuza oko ukuthethileyo.” Awunawo amandla, kodwa unegunya.

¹⁴⁸ Khumbulani xa wathi Yena wandixelela emva phaya, wathi, “Uyakukwazi nokutyhila iimfihlo zeentliziyo.” Kuba Yena... Niyayikhumbula lonto, uninzi lwenu bantu basePhoenix? Wayithembisa. Oko Yena akuthembisileyo, Yena uyakwenza.

¹⁴⁹ Ngoku kukho abanye kuni abangenawo amakhadi okuthandazelwa, ngaphandle kwamathandabuzo. Bangaphi abagulayo babe bengenawo amakhadi okuthandazelwa, phakamisani izandla zenu? Ngokuqinisekileyo. Kulungile. Ukuba ufuna ukwazi, ayilogunya...ayingomandla, kodwa ligunya leLizwi, “Izinto eNdizenzayo, nani niyakuzenza.”

¹⁵⁰ UYesu wathembisa, kuLuka 17:30, ukuba phambi nje koKuzwa kwaKhe, kuyakubakho ixesha elinje ngelikaMoses... okanye uNowa, “Xa babesidla besela, kwaye besendiselana; futhi bengazi kwada kwayimini uNowa awangena ngayo emkhombeni.” Wathi kuyakubakho eloxesha. Waza wathi futhi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaLothe,” waza wathi, “oku kuyakwenzeka ngalomhla xa uNyana womntu eyakutyhileka, xa uNyana womntu etyhileka ngemihla yokugqibela.”

¹⁵¹ Ngoku jonga oko Yena, uhlobo uNyana womntu aZityhile ngalo esemntwini waleNgelosi, eyayinguNyana womntu. Nangoku. U-Abraham waMbiza, “Elohim.” Waye enguNyana womntu, eZityhila phambi nje kokuba ihlabathi leeNtlanga litshiswe. Wayenza njani Yena? Kwikholwa. Kwelizenzisayo ikholwa, Wathumela abashumayeli ababini behla ukuya kubashumayeza. Kodwa kwelenene ikholwa, Wema enomva waKhe ententeni, waza Wathi, “Abraham.” Waye enguAbram

ngomhla . . . imihla embalwa ngaphambili, koko. Kodwa ngoku unguAbraham. “Uphi umkakho, uSarah?”

152 Wathi, “Usententeni, emva kwaKho.”

153 Wathi, “Ndizakusigcina isithembiso saM kuwe. Ndizakunindwendwela.”

154 Owu, uAbraham wayeneminyaka elikhulu ubudala, yena uSarah emashumi asithoba; kodwa uThixo, esisityebi ngenceba, wacina esaKhe isithembiso. Yazisa umntwana, ngoba uThixo uzele yinceba, kwaye Yena uzele yinceba. Usisityebi ngenceba. Uyasigcina esaKhe isithembiso.

155 Qaphela, enomva waKhe ubhekise ententeni, uSarah wahleka waza wathi, “Zingathini ezizinto ukubakho? Ndimdala. Ndingayolelwa njani kunye nomyeni wam, njengomfazana otshatileyo? Ngoba, yena unekhulu leminyaka ubudala. Ubudlelwane bethu bosapho sebunqumamile, kuninzi, kuninzi lweminyaka edlulileyo. Ingathini ukubakho lento?” Waza wahleka malunga nayo.

156 Yaza iNgelosi ene . . . uNyana womntu enomva waKhe ubhekise e—ententeni, wathi, “Kutheni uSarah ehleka, esithi, ‘Zingabakho njani ezi zinto?’”

157 Yayiyintoni yona? UYesu wathi, koNgcwele uLuka 17:30, ukuba, “Ngemihla enje ngaloomihla kaLothe,” isimo esifanayo, phambi kokuba eleeNtlanga ihlabathi litshiswe, Wathi, “uNyana womntu uyakuZityhila ngaloomhla.” Yena wenza isithembiso, ukuba kuMalaki 4 yasithembisa ukuba yayizakutsho. UMyalezo uyakuza noyakuthi ubuyisele abantu emva kulowa woqobo uMyalezo wepentekoste, kwakunye nalantsikelelo inye ababenayo ngomhla we . . . Iyintoni yona? Iolumaphiko-mabini ukhozi, zombini Entsha neNdala iTestamente, iphaphazelisa izithembiso zayo ndaweninye, ezikaThixo, ukuzalisekisa oko izithembiso zeBhayibhile zathi iyakukwenza. Amen.

158 UThixo, esisityebi ngenceba, wayengenakuvumela abaKhe abantu baphume nobu buhlelo, “butyebe zimpahla nezinto zehlabathi,” eseBandla laseLawodike isiGaba, kodwa Wayeyakwenza indlela yokuphuncula. Kholwani yiyo, bantu. UThixo anisikelele. Amen. UThixo osisityebi ngenceba! Inceba zikaThixo, kuphela kwento endiyinqwenelayo. Hayi ubulungisa baKhe, hayi owaKhe umthetho; kodwa inceba yaKhe yiyo endibiza yona. Thixo yibanenceba kum. Sonke sinayo loomvakalelo.

159 Bendibukele. Kukho umfazi omncinane ohleli apha ekupheleni kwesitulo. Ingaba unalo ikhadi lokuthandazelwa apho, nenekazi? Awunalo. Mandikubonise ukuba uThixo usisityebi ngenceba. Ubukade uphakuzela ngenene apha mvanje, ubungenjalongo? Kakubi kakhulu, kwaye namehlo akho aye esiba mandundu. Ayinjalongo lonto? Injalo kanye. Ngoku azakutshintsha. UThixo, esisityebi ngenceba yaKhe,

ngokukubuzwa ukuba uyakukholwa na yilento. Ngoku awunalo ikhadi lokuthandazelwa, awunanto; kodwa awulidingi. Yabona, yinceba ethululwe phezu kwakho.

¹⁶⁰ Nako kuhleli omncinane kakhulu umfo apha ngaphambili, enokungathi yi. . . ehleli kanye ekuphumeni apha. Uhlutshwa liqhuma emzimbeni wakhe. Lisandula ukuphuma apho, kutshanje. Ingaba akunjalongo oko, mhlekazi? Kunjalo. Awazi ukuba liyintoni. Uyaloyika. Kunjalo. Libangelwe sisivubeko apho, alizange? Unalo ikhadi lokuthandazelwa? Awunalo kwakhadi lakuthandazelwa. Awulidingi. UThixo esisityebi ngenceba yaKhe!

¹⁶¹ Owu, mzalwane, dade, kholwa uThixo! Musa ukuMthandabuzwa. Mkholwe Yena! Kulungile oko.

¹⁶² Naku kuhleli indoda, engwevu isuti, ifake izipeksi. Jonga apha, mhlekazi. Uyakholwa na? UThixo usisityebi ngeyaKhe inceba. Uhleli apho ube uneqhubu. Ingaba uyakholwa ukuba uThixo angalinyanga elo qhubu aze akuphilise? Uhleli kanye apha ekupheleni kwesihlalo, ujonge kum. Ukuba uyayikholwa eyokuba uThixo angaliphilisa elo qhubu, uThixo uyakukwenza oko ukuba uyakukwamkela. Uyayikholwa? Uyakuyamkela? Kulungile. Ungayifumana ukuba uyakuthi nje uyikholwe, fumana inceba. Ewe, mhlekazi.

¹⁶³ Nali inenekazi lihleli ekuphumeni apha, uhlutshwa kukutyhutyha kwegazi okucothayo emzimbeni wakhe. Kodwa ukuba uyakuthi akholwe, uThixo uyakumphilisa, ukuba yena uyayikholwa. Ndiyakholwa ukuba uzakuyiphosa, ngokuqiniseke njengayo nantonina. Yiba nenceba, ngumthandazo wam. Ndilibona luzizi elalomfazi i. . . UNkoskz. Riley, uyakholwa ukuba uThixo unako ukuphilisa okokutyhutyha kucothayo? Ukuba unako, kwamkele! Amen. Kholwa nje. UThixo ulungile, akanjalongo Yena, Stella? Ehe. Kunjalo. Andizange ndambona lomfazi ebomini bam. Kodwa, uThixo, kweyaKhe inceba!

¹⁶⁴ Apha kuhleli omnye umfazi, ehleli kanye emva apha, kanye phaya ngemva, ejonge ngqo kum. Yena, naye, unokutyhutyha okucothayo, okukwakhe. Ebecinga ngako ngoko nje. Andizange ndambona lomfazi ebomini bam. Ekubeni naye lo mfazi ebekwanalonto inye, ndijonge. Uyandikholelwa ukuba ndingokaThixo umprofeti, okanye isicaka saKhe? Ukwanayo nengxaki yentliziyo. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Awusenayo ngoku. UThixo, esisityebi ngeyaKhe inceba, uyabonisa ukuba Yena uyaphila apha esakhiweni ngokuhlwanje. UThixo esisityebi ngenceba yaKhe! Amen.

¹⁶⁵ Ingaba bakhona, bangaphi aboni nabawileyo eningathi nime ngeenyawo zenu, nithi, “Thixo, osisityebi ngenceba yaKhe, yibanenceba kum”? Yimani ngeenyawo zenu. Ndizakunithandazela, ukuba niyakholwa ukuba Yena ufuna. . . nina nifuna inceba ngoku. UThixo akusikelele. UThixo

akusikelele. UThixo akusikelele, wena. Wena uwileyo, yima ngeenyawo zakho. UThixo esisityebi kwinceba yaKhe! Wena u—u . . .

¹⁶⁶ Ngokuqinisekileyo awudangalanga kanganko, kwesisimo, uba ungade ungaboni ukuba esi sisithembiso seyure. Ngokuqinisekileyo awubhijelekanga bubuhlelo kangako, nakwezinye izinto, ukuba ude ungaboni ukuba esi sesona sithembiso seyure, uThixo esisityebi ngenceba.

¹⁶⁷ Noba ibingubani na, lo ebeye wema ngeenyawo, ndizakuthandaza nje emzuzwini. Ndifuna ukuba uhambe uye kwelilungileyo elineVangeli epheleleyo ibandla uze—uze u—uze ubhaptizwe ngolobuKristu ubhaptizo, uThixo akunike uMoya oyiNgcwele.

¹⁶⁸ Ingaba ukhona omnye oyakuma ngeenyawo zakho, uze uthi, “Mna, ndifuna ukukhunjulwa. Thixo, encebani yaKho, ndikhumbule. Andikhange ndiphile njengoko kufanelekile. Mhlawumbi . . .”? UThixo akusikelele, nenekazi. Futhi uThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Injalo lonto. “Thixo, osisityebi ngenceba yaKhe, yibanenceba kum.” UThixo akusikelele, dade. Ingaba ukhona . . .

¹⁶⁹ Bangaphi abanye abasekhoyo apha, abathi, “Ndiyakuma. Ndifuna uThixo azi ukuba ndifuna inceba. Andikhange ndiphile kakuhle. Ndiye ndaphila ngale indlela nangaleya indlela. Ndinyuke ndisihla, kodwa ndifuna inceba yaKhe.” UThixo akusikelele, mzalwane. Omnye ongomnye, othi, “Thixo osisityebi ngenceba yaKhe!” UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele, dade. Injalo lonto. UThixo osisityebi ngenceba yaKhe! UThixo akusikelele, nawe. UThixo akusikelele emva phaya. UThixo uyakubona. Yima nje ngeenyawo zakho.

¹⁷⁰ Uthi, “Ingaba kukho ukulunga ekwenzayo, Mzalwane uBranham?” Ngokuqinisekileyo. Sukuma ubone ubungakanani bomahluko ebubo.

¹⁷¹ Ukuba unyaniseke ngenene entliziyweni yakho, uThixo usisityebi ngenceba. “Akanamqweni wokuba kutshabalale nabani na, kodwa unga bonke bangeza enguqukweni.” UThixo esisityebi ngenceba yaKhe! Owu Thixo, yibanenceba kuthi.

¹⁷² Ngoku bangaphi abaphakathi apha ngoku, ababambe loomakhadi okuthandazelwa? Ebeyintoni? U-A no B, andithi? Oo-A noo-B. Bonke abantu abanekhadi lokuthandazelwa elungu-A, yimani *kwelicala*, aze amakhadi okuthandazelwa angoo-B bayekuma emveni kwabo.

¹⁷³ Andazi nokuba akukho balungiseleli na apha abangathanda ukundincedisa. Ukuba bakhona, babe bethanda ukwenyuka, ndingavuya ukuba nolwenu—nolwenu uncedo apha, kuba siyakukuvuyela ukuthandaza, sithandaze—sithandaze kunye nani.

¹⁷⁴ Lona, iBhayibhile yatsho, “Lemiqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.” Ewe, mhlekazi. “EGameni laM bayakukhupha iidemoni, bayakuthetha ngeelwimi ezintsha.” Asiyenzanga lonto? Ngenceba kaThixo; hayi thina, kodwa uThixo osisityebi ngenceba ukuba aligcine elaKhe iLizwi. UThixo!

¹⁷⁵ Ngoku, izitulo zamavili, ukuba nifuna ukuzibeka zehle kanye apha ngaphambili; siyakukubathandazela kanye apha, kungabikho mfuneko yokuba zitsalwe zinyuswe ngaleyay, yonke leya ipaseji phaya. Bavumeleni, kulungile, mabeze kanye phezulu apha. Siyakuyithandazela ngokuqinisekileyo, sonke ngabanye kuthi. UThixo esisityebi ngeyaKhe inceba!

¹⁷⁶ Aninakukhe nime kwicala langakwisandla sasekunene ngoku, okwemizuzwana? Ingaba uMzalwane uBrown uze nani? [Umzawane uthi, “Uza ngomso.”—Umhl.] Uza ngomso. Bendi—bendi—bendinethemba lokuba uyakubalapha. Uphi, uphi uMzalwane u-Outlaw, uphi uMzalwane uFuller? Abanye babantu ababelapha phezulu nam xa ndandiqala ukuza, masibuye kwakhona. Nisayikhumbula le yohlobo lwakudala imigca yokuthandazelwa, xa sasidla ngokuma phaya nide kufuneke nindibambe kwelinye icala, omnye abambe kwelinye, ndandiye ndibe buthathaka kakhulu?

¹⁷⁷ Bangaphi abakhe babakuzo kuyo imihlangano emva ekuqalekeni? Jongani apha. Niyakhumbula emva phaya, ndanixelela ukuba iNkosi uYesu yandixelela ukuba, ukuba ndinganyaniseka, ukuba ezizinto zingenzeka. Ingaba kunjalo? Asizanga sibenako okunjalo ngalamhla. Kodwa yenzeka, ngokuba uThixo usisityebi ngeyaKhe inceba, abe ethembekile kwesaKhe isithembiso. Amen! Ndizama ukuyeka, yaye andikwazi. Amen! Makadunyiswe uThixo! Haleluya! “Owu, ndivuyela ukubangomnye wabo!” Amen. Owu, bethu!

Kukho abantu phantse yonke indawo,
Abantliziyo zabo bonke zivuthayo
NguMlilo owehla ngePentekoste,
Owabacoca wabenza bahlambuluka;
Owu, uyavutha ngoku phakathi kweyam
intliziyo,
Owu, uzuko kwelaKhe iGama!
Ndivuyiswa kukuba ndibenokuthi
ndingomnye wabo.

¹⁷⁸ Owu, mna, udwayinge, losizana, ihlwempu elimfamekileyo lodwayinge, njengokuba ndandinjalo; kodwa ngoku ngeyaKhe inceba, eyaKhe etyebileyo inceba, ndiyabubona ubuKumkani bukaThixo buvelile. Amen. Mihle kanjani eyaKhe iMiyalelo!

¹⁷⁹ Yima kanye ngapha, mzalwane wam, ngentonga yakho. Ukuba awunako ukusukuma, kulungile, yima kanye apha, sizakwehlela kanye ezantsi size kukuthandazela.

180 Ngoku vumelani oo-A noo-B, bamakhadi okuthandazelwa, bafole ngaphaya kweliya icala, kwaye sizakubathandazela.

181 Bazalwane abangabalungiseleli, nina ngokuqinisekileyo, ukuba niyakholwa ekubekweni izandla kwabagulayo, yizani kanye apha nime nam kweliqonga. Sizakuthandazela abagulayo.

182 Ngoku nina bantu bemi kulamga, ukuba ningakhohwa ukuba uBukhona bukaThixo bulapha, ukuba uMoya oyiNgcwele uphakathi kwethu ngoku, esenza nje ngqo oko Wathi Yena uyakukwenza. Ukuba bendinamandla okuniphilisa, bendiyakuyenza ngokuqinisekileyo. Ukuba bendinayo nayiphi na indlela yokuniphilisa, bendiyakukwenza ngokuqinisekileyo. Andinayo. Ndi . . . UThixo unikeze ngesipho esincinane.

183 Andikho kangako ekubeni ngumshumayeli. Andinamfundo yaneleyo yokuba ndifanelwe kukuba ngumshumayeli, oko kubizwa umshumayeli kulemihla, xa a—xa amava kumele abengawemfundo yenkolo, abe emelwe kukuba nesithile isidanga sobugqirha, nanjalo njalo. Andinakuba ngofanalekileyo ngako okuya. Kodwa uThixo, eyibona intliziyo yam, futhi esazi ukuba ndifuna ukumenzela okuthile Yena, ndifuna ukuyivuyela.

184 Indoda yathi kum ngenye imini, yathi, “Ndicinga ukuba wena uyindoda nje elungileyo, Mnu. Branham, kodwa ndikholwa kukuba uphosise ngokunyanisekileyo. Uphume wonke ngaphandle kwentando. Ingaba uyazi uba uyakugwetywa ekugqibeleni?”

185 Ndaza mna ndathi, “Jonga, ndifuna ukukuxelela okuthile. Ndizakuthi ukuba wena—ukuba wena ubuchanile, masitsho nje ngenxa yempikiswano. Ukuba mna ndiyiphosile, nto leyo ndi—andikholwa ukuba ndinjalo; kodwa ukuba bendiyiphosile, ndibe ndisazi ngoku ukuba bendizakuphila de ndibenekhulu leminyaka ubudala, abe Yena ezakundigweba ekupheleni kwendlela, andixelele ukuba, ‘Wena awufanelwanga kukungena kwelaM iZulu, William Branham. Phuma uye esithokhokweni sobumnyama.’ Uyazi yintoni? Bendiyakukumkhonza Yena zonke iintsuku zobomi bam de ndiye, nakanjani. Kuba ndamkele okuninzi kwezaKhe ezingasetyenzelwanga iintsikelelo, wada Yena wabangaphezulu kobomi kum. Yena uyinto yonke endi . . .”

186 Konke endikuko, konke endingaze ndithembe ukuba ndibekuko, ndikuzuze kuvela kolwaKhe ubabalo nenceba. Ndandiludwayinge, ndilusizana, ihlwempu, imfama; kodwa ngobabalo Yena undiphilile, ndaye ndomelele ndisempilweni, ngenxa yobabalo kaThixo. Amehlo am abona kakuhle. Ndinokutya, isiselo, ndinako nakuphi na endikudingayo. Yena akazange athembise ukubonelela iimfuno zam; izidingo zam.

187 Kwaye ukuba ndithe ndalahlwa ngaloomini, ndibe ndisazi...andiboni apho ndinokubakhona. Kodwa ukuba bendisazi ukuba ndiyiphosile, abe uThixo endikhethele ukuba ndiyiphose, bendiyakufuna ukuhlala ndiyiphosile, ngenxa yokuba ndifuna ukwenza eyaKhe intando. Olu, ndiMthanda de ndifune eyaKhe intando yenzeke. Ngoku, yintetho enkulu leyo, kodwa ndithemba ukuba niyifumana ngendlela, ngomoya endiyithethe kuwo. Yabona, ndifuna ukwenza eyaKhe intando. Ndimcela Yena into ngathuba lithile, Yena ahlukuzelise intloko yaKhe “hayi,” ndivuya kakhulu malunga nalonto njengokuba bendinokubanako ukuba Ebethe “ewe.” Ngoba, simelwe kusoloko sicela, “Eyakho intando mayenziwe.” AbaKhe oohayi banjenge...ukuba leyo yintando yaKhe, yona nje... Ingcono kakhulu kunoo-ewe baKhe, ukuba kuyintando yaKhe ukwenza oko. Kuxa umthanda nyani Yena. Amen.

188 Ndifumana ukuba ndithethe ngaYe, andikwazi nje tu ukupheza. Owu, Yena uyinene kangako, uyinene kangako kum! Zihlobo, Yena u—Yena ukuko konke endikuko, konke endingaze ndibekuko, konke endingaze ndilindele ukuba kuko, kuzinziswe kuKristu uYesu, iLizwi laKhe.

189 Ndinombulelo ngokuhlwanje ngengqina likaMoya oyiNgcwele, ngawo uMyalezo. Ndiyazi isenokuba, abathile basenokungavumelani naWo, kodwa njengokuba bendinixelele, ndibophelelekile kuMyalezo. Umqondiso uphumile, kwaye uThixo akawuthumeli umqondiso nje ukubonisa ukuba Yena unguThixo. UMyalezo, iZwi soloko lilandela umqondiso. Nabani na uyakwazi oko.

190 UYesu weza nemiqondiso nezimanga. Yena waye eyebalulekileyo iNdoda xa Wayesenza imiqondiso nezimanga, kodwa xa Waqalisa ukuhlala phantsi aze aqalise ukuzisa uMyalezo, “Mna noBawo waM sibaNye,” owu, bethu, oko kwakuphosakele kubo. Yabona? Kodwa iZwi lalifanele ukulandela umqondiso.

191 UMoses wanikwa imiqondiso emibini, kwaye umqondiso ngamnye wawunezwi. Injalo lonto. Ndashumayela ngayo apha ngaxa lithile lidluleyo, kwenyindawo, kwi, *IZwi LoMqondiso*. Umelwe kukuba ne—neZwi lomqondiso. Lutshintsho. Kusoloko kuyilondlela. Ukuba ayinjalongo, ayiveli kuThixo.

192 Ukuba umntu uthi eze nolutenxileyo olungaqhelekanga ulungiselelo, olufumaneka eBhayibhileni luyiNyaniso, ize londoda ihlale kanye kuleyo indala yehlelo imfundiso, libala ngayo. Akukho nto kuyo! UThixo akayenzi into enjalo. Lonto leyo, iyimana ebolileyo enemibungu kuyo, okanye onojubalala, okanye nantoni na ofuna ukuyibiza ngayo, ukusuka kumashumi amane, amashumi amahlanu eminyaka edluleyo, besaqhubeka bezama ukutya laamana indala yehla kudala kwiminyaka eyadlulayo. Nabantwana bakaSirayeli, eluhambeni lwabo,

entsha imana yehla qho ebusuku. Injalo lonto, wawungenako ukuyigcinela ingomso.

¹⁹³ Asiphili ngokwesigaba esithile esidlulileyo. Sidla entsha iMana, ehlaziyekileyo iMana ephuma eZulwini, kolwethu uhambo njengokuba siqhubeke.

Masithobeni iintloko zethu ngoku.

¹⁹⁴ Nkosi Thixo, Wena uyinene kakhulu, obaKho uBukho. Ndinga ngobabalo, Nkosi. Thina—thina sikubonile nje Wena usenza okuninzi! Sikuvile Uthetha ngeelwimi, sakubona Uzitolika, ngabantu baKho. Owu Thixo, ukukubona Uphilisa abagulayo, uvula amehlo wabaziimfama, usenza iziqhwala zihambe, izithulu zive, izimumu zithethe, onjani ukubanamandla-onke uThixo Wena onguye!

¹⁹⁵ Kwaye ngoko ukubona ukuba Uthembise oku ngemihla yokugqibela. Nangona sinokuninzi okusenyameni ukulinganisa, kodwa ke kuxela ukuba kukho owenene uThixo, ndaweni ithile, oyinene ngenyaniso. Kwaye ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ngokuhlwanje, ukuba siyakuba ngabamqondayo uThixo ukuze sibone ukuba Wena ulapha.

¹⁹⁶ Naba bantu basemgceci, xa bedlula ngalomgca, Nkosi . . . kuba senza oku ngokuba, okokuba senze isithembiso kubo. Kwaye Wena uthe, “Lemiqondiso iyakulandelana nabo bakholwayo.”

¹⁹⁷ Naba abazalwane abangabalungiseleli bemi apha, amadoda Owakhethileyo, phambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba babekoku bakuko ngokuhlwanje. Wayazi, phambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba siyakuma apha ngobubusuku, ngoba Wena awunasiphelo.

¹⁹⁸ Ke siyathandaza, Bawo waseZulwini, ngokuhlwanje, ukuba njengokuba ababantu bagulayo, bakhubazekileyo, iimfama, iziqhwala, abaphethwe ngumhlaza, nokuba yintoni na enokuba yiyo, abagqitha ngalomgca, banga bangaqonda ukuba kwalaThixo owazi imfihlelo yentliziyo uyakubaphilisa, ukuba nje bayakuthi bayamkele, bajonge nje ze baqonde.

¹⁹⁹ Umntu owajonga kwinyoka yobhedu nje ngombingeleli . . . intwana yobhedu, wayengenakuze aphilise, ngenxa yokuba engenako ukuyiqonda eyonanto yayiyiyo.

²⁰⁰ Kwaye namhlanje, Nkosi, kusafana. Ukuba bajonga kwisipho, bacinge ngaso ngokunga sisenokubanceda, abanako ukuqonda. Kusekungqinelweni koBukho bukaThixo olapha ezokuphilisa. Siphe oko, Bawo. Kwanga kungenziwa, eGameni likaYesu. Amen.

²⁰¹ Ndifuna umdlali wepiyano omncinci, ukuba unako, indoda okanye umfazi, nokuba ngowuphi, aye ngaphaya aze asidlalele lengoma, “Enkulu iNyangi ngoku isondele, onovelwano uYesu,”

ukuba unako, naphi na apho akhoyo umdlali wepiyano. Ngoku leyo yi . . .

²⁰² Ndikhumbula enye kweyokuqala inkonzo yam yempiliso, eFort Wayne, e-Indiana. Intombazanana encinci yom-Amish ihleli, idlala ipiyano, “Enkulu iNyangi ngoku isondele, onovelwano uYesu.” Umntwana omncinane waziswa kum eqongeni, yayikhubazekile. Ndaze ngethuba ndisathandazela loomntwana, waxhuma waphuma ezingalweni zam wabaleka ukunqamleza iqonga. Unina wawa sisiqaqa. Umakhulu wajula itshefu phezulu, eqalisa ukukhala.

²⁰³ Yaza lentombazanana yom-Amish ngoku, ingazi kwanto malunga nobuPentekoste, ngoba wayengowebandla lama-Amish; kodwa wayedlala. Iinwele zakhe ezinde zawa phantsi; waphakama ekuMoya waqalisa ukucula ngeelwimi ezingaziwayo, yaza i . . . kwaye ngesingqi salangoma. Abe namaqhosha epiyano enyuka esihla, idlala, “INyangi enkulu ngoku isondele, onovelwano uYesu.” Amen! Nguye izolo, namhla, naphakade.

²⁰⁴ Ngoku masithandaze ngoku njengoba . . . Ngoku wonke umntu phandle phaya sithandaze. Nina bantu beza ngomgca, xa sibeka izandla phezu kwenu, khumbula, uYesu wathi, “Ukuba ungayikholelwa, uyakuphiliswa.” Niyayikholwa? Ngoku masiculeni sonke ngoku.

INyangi enkulu ngoku isondele,
Onovelwano uYesu,
Uyathetha . . . (Masivaleni nje amehlo
ethu njengoko sisacula) . . . iintliziyo
ukuzidlobisa,
Owu, yiva izwi likaYesu.

Esimyoli isingqi kweyeserafi ingoma,
Elimyoli igama kolwabantu ulwimi,
Emyoli . . . (Bawo uThixo, shukuma phezu
kwabantu ngoku) . . . yaculwa,
Owu Yesu, osikelelekileyo uYesu.

²⁰⁵ “Enkulu . . .” Ngoku njengokuba nidlula ngoku, Yena ulapha. Thabatha ilizwi lam, okanye ulikholelwe ngokwakho, Yena ulapha. Wonke umntu esemthandazweni ngoku ngenxa yabantu.

²⁰⁶ [UMzalwane uBranham nabalungiseleli bathandazela abagulayo ngelilixa uMzalwane uBorders ekhokela ibandla ekuculeni. Indawo engenanto eteyiphini—Umhl.]

Owu Nkosi, ndiyakholwa; Owu Nkosi,
ndiyakholwa;
Zonke izinto ziyenzeka, Owu Nkosi,
ndiyakholwa.

207 Bonke abakholwayo, phakamisani izandla zenu *kanje*, nithi, “Ndiyakholwa.” [IBandla lithi, “Ndiyakholwa.”—Umhl.]

208 Apha kuhleli indoda ihleli apha. Isizathu sokuba ndolule; ukuthetha, iyafa ngumhlaza. Umi ngentonga yakhe. Akukho ndlela ehlabathini yokuba landoda ingaphila, ngaphandle koThixo. Inomhlaza konke ukunqumla isisu, kwaye uzakufa ukuba akukhange kube ngenceba kaThixo. Ndaye ndinga nje bendi...[Indawo engenanto eteyiphini—Umhl.]...ilizwi lenkuthazo kulendoda.

209 Wena, uyazi ukuba oogqirha abanako ukukwenzela nto ngoku. Ungaphaya koko, yabona. Kwaye u...Unethuba elinye qha, kwaye lona likuKristu, yabona. Kwaye, mzalwane, u...ndizakufa ngenyimini, nam. Kuzakufuneka uhambe, ukuba uYesu ulibazisekile. Kuzakufuneka ndihlangane nawe ngaphaya, umi phaya kwiNdawo yoMgwebo. Baye obu busuku... .

210 Uyazi, kanje ngakumabonwakude, umabonwakude uchololachole ukuba lonke ixesha sishukumisa umnwe, nantonina, ishicilelwe. Ilizwi ngalinye esilithethayo, lishicilelwe. Ngoku, yabona, umabonwakude ukungqinile oko. Ngoku, umabonwakude akawenzi umfanekiso, uhambisa nje ngemijelo elaliza alingenise kumabonwakude. Yabona, akawenzi ngokwakhe. Wayekhona umabonwakude xa u-Adam ehamba emhlabeni, wayekhona umabonwakude xa—xa uMoses esiza ngoLwandle oluBomvu, wayekhona umabonwakude xa uEliya wayeseNtabeni yeKarmel, yabona, kodwa basandula kumbhaqa ngoku. Yabona? Yaye ngoku kwindawo zonke ndi... .

211 Nayiphi na intshukumo esiyenzayo, naso sonke isandi, sidlala ushicilelo oluyakuhlangana nathi eMgwebeni. Nayiphi na intshukumo esiyenzayo imele ukuhlangana nathi phaya. Ndimelwe kukuphendula ngamazwi onke endiwathetha kuni, njengomlungiseleli. Ndimelwe kukuyenza, ngoba uThixo uzakundiphendulisa ngayo.

212 Ngoku ukuba ndinganako, ndingakuphilisa; ngoba unexeshana nje elincinci, ukuba akukho ngoThixo. Ngoku, ndehlile ndeza kukuthandaza phezu kwakho, konke endikwaziyo ukukwenza. Mzalwane, nayiphi na into ehlabathini, ndingayenzela indoda ehleli phaya ikulameko, bendinoyenza.

213 Kwaye makhe ndikubuze, yabona. Wena—wena—wena sele uphilisiwe, ngoba uYesu wathi unjalo. Yabona, “Ngemivumbo yaKhe saphiliswa.” Ngoku ukuba ubunganako, susela emazantsi entliziyi yakho, yamkela oko, awusayi kufa ngoku, kodwa uyakuphila.

214 Ngoku, yabona, ngoku siyazi ukuba umabonwakude ithivi ingena idlule kweligumbi. Siyakwazi oko. Asiyiboni. Asinako ukuyibona, amehla ethu awenzelwanga, izimvo zethu azinako

ukuyicholachola. Kuthabatha umbhobho owenziweyo, okanye nantoni na eyiyo, i-crystal, ukuyicholachola.

215 Ke uThixo ukhona. Thina asimboni Yena, kodwa siyazi Ulapha. UYesu Kristu ikwanguye. Jonga, Usandula kuZiveza nje, uhlobo Azenza ngalo Yena. Ngoku, ngokumalunga nempiliso, ukuba Yena ebemi kanye apha ngoku, Ebengayi kukwenzela okungaphezulu, yabona, hayi enye into. Ukuba uNyana kaThixo ebemi kanye apha, njengoko Yena elapha, Yena ulapha, kodwa Ebengenakukwenzela okungakumbi, ngokuba Yena sele Ezibonakalisile elapha. Yabona? Waye Yena ulapha kanye ngoku, nje ngokufanayo, ukuze akuphilise akwenze uphile.

216 Nalantombazana incinane phaya indixelele, yathi, “Ucele intsikelelo, waza waprofeta okanye okuthile,” phezu kwakhe, ukuba aze abenomntwana, ehleli kwesasitulo samavili. Kwaza kwanjalo, umfumene umntwana wakhe.

217 Kwaye ngoku inenekazi elincinci elihleli apha. Ngoku ebenotyando lwedlala, lwaza lwamgogekisa. Kahle, sibona nje okuninzi kwezozinto zisenzeka. Ngoku, wena umncinane, dade, ndiyakwazi ukuba ungowenene umKristu. Kutheni uThixo ekuyeke wahlala apha, andazi. Ndiyakholwa, mhlawumbi, kungokuba wena unalo... uKholo, u—uzama ukubanokholo, ukuze uphume apho, yabona; kodwa ngoku jonga, masingazami ukubanalo, masibenalo nje ngoku, yabona, thina nje—thina nje sizakuba phaya. Kukuphela kwayo oko, izakuqala njengangoku, saye sizakuphiliswa. Nani nina bantu baphaya kwezo zitulo, yintoni, okanye—okanye nantoni na oyiyo, khumbula nje ukuba uKristu ukhona.

218 Ngoku uthi, “Ingaba ukho othile, ingaba uyawubona umfanekiso wam uvela.” Owu, ewe.

219 Nkqu naMazwi kaYesu Kristu, Awawathetha xa waYelapha emhlabeni, adlula kanye kweligumbi. Awaze afe. Bangaphi abaziyo ukuba oko ngokwenzululwazi kuyinyaniso? [IBandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Kuhle, iyintoni yona? Ngoko uMoya uthabatha elaLizwi lalibhaliwe, aze Alenze libanakalaliswe. Owu, uzuko!

220 Yena ulapha. Ulapha njengangoku, iNkosi. Thina nje... Sibone okuninzi, Yena wenze okuninzi, sade ngahlobo luthile, uyazi, sangathi sikhubeka kuyo. Ukuba besinokuqonda, hayi nje okuthile okuqikelelweyo, okuthile okuyintetha yemfundo yenkolo; kodwa ubungqina bokuba Yena wathembisa ukuba Uyakuzibonakalisa ngokwaKhe kulomhla, naku Yena eyibonakalisa kanye apha phambi kwethu njengangoku. Enjani ukumangalisa into! Akumangalisi okuya? [IBandla lithi, “Amen.”—Umhl.]

221 Ngoku uyakholwa. Ingaba uyakuyikholwa na? Kholwa ukuba awusayi kufa. Uzakuphila, kwaye uyakuhlona uThixo.

Uzakuhlonela uThixo. Wakha wabhaptizwa? UngumKristu, andithi? Kwaye ungumKristu. Kuhle, ufuna ukuphila ngokuhlonela uThixo. Ngoko hamba uyekuphila, mzalwana wam. eGameni likaYesu Kristu, phila!

²²² Kwaye, dade, ufuna ukuhamba ngenxa yozuko lukaThixo, uze unakekele umntwana wakho; ngoko hamba, dade, eGameni likaYesu Kristu!

²²³ Nina, nonke ngabanye kuni, yenzani kwalonto inye, eGameni likaYesu Kristu! Ningayilibali le Westward Ho Motel apha ngokuhlwanje, uBukho bukaThixo bubonakaliswe apha. Yena akamkethi wabuso bamntu. Ufuna nje ukuba wena ukholwe. Ingaba niyamkholwa Yena ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Umhl.] Amen. UThixo anisikelele.

²²⁴ Masithobeni iintloko zethu ngoku. Andazi ukuba bakhethe bani na, uku—ukundulula. Mzalwane uMushegian apha, yiza kanye apha, mzalwane. Yena uzakundulula ngomthandazo. UThixo akusikelele.



UTHIXO OSISITYEBI NGENCEBA XHO65-0119
(The God Who Is Rich In Mercy)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngolweSibini ngokuhlwa, ngo Janywari 19, ngo 1965, ukwenzela isidlo sakusasa soBudlelwana Bamadoda Elizwe Angoosomashishini eFull Gospel, eWestward Ho Hotel e-Phoenix, e-Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org